# *UThixo Wesi Sigaba Singcolileyo*

[UMzalwana Orman Neville uthi, "Le ngxelo, emva kwentlanganisela yomhlangano wamadikoni nebhodi yamathenjwa omnquba ngobusuku bangoLwesihlanu, sifunda ezizibophelelo eziyakuba nokwenza nayo yonke indoda, kuye wonke umfazi, ongogunyazisiweyo umlandeli wolu lungiselelo, othanda ukwazi ingqondo yebhodi, umalusi kunye nomncedisi-malusi. Ndifunda ezi zibophelelo ngale ntsasa. Wonke ubani anike enyanisekileyo ingqalelo nohoyo kuyo njengoko ninakho." UMzalwana uNeville ufunda ezi zilandelayo izibophelelo:—Mhl.]

["Ezi zibophelelo zenziwa zaza zaphunyezwa yibhodi yamathenjwa, namadikoni ngokuvumelana okugcweleyo kunye nomalusi nomncedisi-malusi.]

["Zonke iiteyiphu zentshumayelo kaMfu. William Branham zifanele kukwenziwa nguFred Sothmann kuphela, kude kuphindwe kwazisiwe yibhodi. Asamkeli ngelixesha nalunye ulungiselelo lweeteyiphu. Ezi teyiphu zigunyaziswe ngemphepha-mvume, kwaye azinakuveliswa kwakhona ngomnye nawuphina umntu ingenguye uFred Sothmann ngaphandle kwemvume yakhe ebhaliweyo.]

["Okwesibini. Akukho mntu ubamba imihlangano, othengisa iincwadi okanye iiteyiphu, obhala iitracts, onikeza ngamalaphu okuthandazela okanye amakhadi nawaluphi uhlobo, okanye orhwebesha izipho, abaziwa leli bandla okanye umalusi walo. Bakwenza oku ngaphantsi kobuxoki, kwaye abanikwanga gunya lokwenza oko.]

["Okwesithathu. Eli bandla alithumeli ngaphandle nawuphi umlungiseleli ngaphandle komalusi walo, uMfu. William Branham, ukuya kubamba iinkonzo naphina.]

["Izizathu zezi zibophelelo zezi zilandelayo:]

["Sixelwe ukuba abalungiseleli bawela isizwe bengena kobunye ubudlelwana, besithi babandakanyeka kunye, kwaye bathunyelwe leli bandla ukuya kubamba lemihlangano.]

["Sixelelwe kananjalo ukuba abantu babhala amakhadi neetracts, bethumela ngaphandle amalaphu okuthandazela nanjalo njalo, njengathi bagunyazisiwe ukwenza oko leli bandla nomalusi walo, ntoleyo ingeyonyaniso. Kuyakuncomeka ukuba ningazisa ibandla ngaye nawuphi umntu ofumaneka esenza oku.]

[“Ezi zibophelelo zifundiwe kwaye zaphunyezwa ngumalusi uMfu. William Branham, umncedisi-malusi uMfu. Orman Neville, kunye namathenjwa nebhodi yamadikoni.”]

[UMzawlana uNeville uthi emva koko, “Yanga iNkosi inganisikelela.” Kwinkonzo yangokuhlwa, 65-0801E, uMzalwana uBranham uxela indlela ibhodi yebandla eyenze ngayo ezi zigqibo. Indawo engananto eteyiphini.]

Izinto zinokwenzeka, kholwa kuphela;
Kholwa kuphela, kholwa kuphela,
Zonke izinto zinokwenzeka, kuphela . . .

Masithobiseni iintloko zethu.

Bawo othandekayo wasezulwini, sinombulelo ngale ntsasa wokuba sinakho ukukholwa. Yenziwe yanokwenzeka ngokuphalazwa kweGazi loNyana Wakho, uYesu, ukuba sibe ngabaxhamli benceba Yakhe; kwaye sibe ngoonyana neentombi zikaThixo, ngentobeko Yakhe ekufeni emnqalezweni, sigwetyelwe ngokukholwa kuYe nangovuko Lwakhe, kwaye ngoku uMoya oyiNgcwele uthululelwe banzi ezintliziyweni zethu.

2 Sinombulelo ngeli thuba lokuza apha ngale ntsasa sabelana ngeengcinga zethu nemibulelo yethu, ngokuvakalisa ngeengoma, ngobungqina, ngokufunda iiNdumiso, ukufunda iLizwi Lakho, nangokulindela ngesithozela kuMoya oyiNgcwele asizisele uMyalezo owonyulelwe leyure. Siphe, Nkosi. Sanga singahluma ngokuba lapha namhlanje. Kwaye xa sishiya isakhiwo, sanga singatsho njengabo babesuka e-Emawusi, “Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kuthi njengoko Ebethetha kuthi ngale ntsasa?” Siphe ezi zinto, Thixo onguNaphakade, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Hlalani phantsi.

3 Molweni kusasa nje, zihlobo, apha, ngaphandle apha emnqubeni nakubahlobo bethu ngokunqumleze isizwe, yonke indlela ukusuka kuLwandlekazi lwaseNtshona, kwakhona ngale ntsasa, ukuya kuLwandlekazi lwaseMpuma, nasemantla namazantsi, kuqhagamshelo lweminxeba.

4 Yimini emnandi apha e-Indiana, kancinci, limafu kancinci, lipholile, lihle kakhulu. Umnquba ugcwele, ngaphandle ebaleni nasekujikeleni iindonga. Siphantsi kolindelo olukhulu lotyelelo lweNkosi namhlanje. Kwaye siyathemba ukuba uThixo uninike imini entle naphina apho nikhoyo. Kwaye yimini entle, ethe yasinika iNkosi. Akukhathaliseki nokuba imo yezulu injani, yimini entle. Siyavuya ukuba lapha, sivuya kananjalo ukuba nethuba lokuvakalisa elizweni ukholo lwethu kuYesu Kristu. Kwaye sifuna ukuthabatha lonke ithuba esinokubanakho lokuzivakalisa imbonakaliso yethu ngothando Lwakhe noko athe Wasenzela kona. Namhlanje si . . .

5 Bendinikwe, kwimizuzu embalwa egqithileyo, i—isaziso ndisenze, kwaye ngoko ndinezinto ezimbalwa apha endingathanda ukuzitsho. Kwaye enye yazo, isaziso bendisinikiwe ngokumayela nentlaganiso yebhodi ngobunye ubusuku. Kwaye bekukho elinye idikoni ebandleni eliyokuhlala e-Arizona, elinguMzalwana uCollins, umzalwana wethu olungileyo. Kwaye ngelixa engekho, bona, ibhodi, yanyule uMzalwana uCharlie Cox ukuba athethe indawo yakhe ngelixa angekhoyo. Kwaye uMzalwana uCharlie Cox wanyulwe ngokusesikweni ngamathenjwa. . . okanye ibhodi yamadikoni eli bandla, ukuba athabathe isikhundla sikaMzalwana uCollins, ekungabikhweni kwakhe.

6 Kwaye into endifuna ukuyitsho, kwakhona, ndifuna ukunibulela nonke bantu, ngoba abanye benu bangagoduka phambi kwenkonzo yempiliso ngobubusuku, ngezipho ezincinci ezintle, imiqondiso. Ukutya okuninzi kuzisiwe kuthi ukusukela silapha. Kwaye ukusuka kumfazi wam nam, nosapho lwam, sibulela kakhulu. Ngelinye ixesha ndiyalibala nokutsho kwanto ngayo. Kuxakeke kakhulu, niyazi. Ingqondo yam iyajikeleza lonke ixesha. Ungafane ucinge into eyiyo, ngabantu, hayi kuphela khona apha kweli bandla, kodwa nokusuka kwihlabathi jikelele. Yabona? Kwaye ngahlobo luthile indenze ndibesekujikelezeni lonke ixesha.

7 Umntu othile ebesitsho malunga nokusikelelwa kweentsana, neenkonzo zobhaptizo, nanjalo njalo. Kulunge kakhulu oko. Ndinqwenela bendinokuyenza, kodwa ijikelezisa kakhulu, kunzima nokuba ndi-ndibenexesha. Kufanele ndigcine ingqondo yam ilungile kulo, kuloMyalezo. Niyazi iBhayibhile ithe kubapostile, okanye. . . Abapostile, gxebe, eBhayibhileni, bathi, "Hambani, nizikhangelele, phakathi kwenu, amadoda aziwa ngokulunga, nanyanisekileyo, nazaliswe nguMoya oyiNgcwele, ukuze abenokuhoya imicimbi." Kwaye ndimxelele uBilly. . .

Uthe, "Uzakusikelela abantwana ngeli xesha, tata?"

Ndathi, "Owu, bethu!" Yabona? Ukuba. . . Sinabaninzi babo apha balindele ukusikelelwa, kwaye kulungile oko, kuyafuneka nje ndibuye ndithathe usuku olukhethekileyo lokusikelela abantwana. Ke ndingathanda ukwenza oko, ngoku.

8 Kodwa sifuna ukubulela ngamnye kuni nonke kusuka ezintliziyweni zethu; umfazi, mna, nosapho lwethu. Abantu basizisele izinto ezinkonxiweyo, ezintsha iimbotyi zebhotolo, ivatala, iziqhamo zecantaloupe, owu, amaqunube. Nje yonke into ekunokucingwa ngayo, bayizisile.

9 Umzalwana wam olungileyo nodade wakhe, ngenye imini, basizisele elikhulu irhanisi. Ndisatya kulo. Kwaye nje. . . Owu, kwaye kuyakufuneka ndiliqoqoshe ngaphambi kokuba ndihambe, ndiyacinga. Ke ukuba andikwenzi, uyakulithatha

sihambe nalo. Kwaye ke—ke siya . . . Sinombulelo kakhulu ngezi zinto. Ndazi abaninzi babantu; abanye babo andibazi. Ziyakube zingqengqe everandini xa singena. Kwaye ke ndiyabulela kakhulu.

Kwaye abaninzi ndiyabazi. Ndine . . . Ndibabonile abaninzi, kwaye baninzi endingababoniyo. Ndi—ndiqinisekile ukuba wonke ubani uyaqonda ukuba ndi—ndingathanda ukufikelela kuye wonke ubani ukuba ndinganakho, kodwa ndimnye kuphela. Yabona? Kwi . . . andikwazi kufikelela kuye wonke ubani. Ndenza yonke into endiyaziyo yenziwa njani.

10 Ke, uThixo abe nani. Ndiqinisekile ukuba ukho Lowo uyakuba nani; lowo nguYesu Kristu, kwaye Unakho. Kuphela koMntu okho kwindawo zonke. Kwaye Unamandla onke, ke Angonelisa sonke isidingo. Kwaye, wazi into zonke, kananjalo uyazazi izidingo zenu, oko nikudingayo.

11 Ndiyalela wonke ubani ukuba andisayi . . . Ndibe ndikhawulezisa kangoko ndinakho, nkqu ukusukela ndilapha ngale ntsasa, kwaye ndiyakufumana wonke ubani endinokuba nakho. Kwaye ukuba . . . Endikushiyileyo, uThixo onamandla onke uya—uyakuzalisekisa zonke izidingo zenu ngokobutyebi baseluZukweni Lwakhe.

12 [UMzalwana uBranham uthi xha, emva koko athethe noMzalwana uNeville—Mhl.] Andinakufunda okuya kakuhle. Ungakufunda?

Sisaziso esikhethekileyo sohlobo oluthile. Kwaye ndicinga uBilly Paul usibhalile. Ke ufana nam; andinakho ukufunda okubhalwe ndim. Kwaye ndinokubhala okunqumlelayo okwenziwa ndim. Kwaye ukuba ubunokubona ezinye zeziqendwana zam apha, zibhalwe apha, ucinga uyakukuqonda oko? [UMzalwana uBranham ubonisa isiqendwana sakhe esibhaliweyo ebandleni, aze ahleke kunye nalo—Mhl.] Ndinokufana nenkwenkwezi, inqumla ibhlorho, nanjalo njalo, nje konke . . .

[UMzalwana uNeville ufunda isaziso—Mhl.]

UMzalwana u-Adair, Adair wase Arkansas, abonane no Mfu. Pearry Green ngasemva kwecawa ngokukhawuleza. Kulungile.

13 Ngoku, ke enye into endinga—endingathanda ukuyazisa apha ye—yeyokuba, obubusuku ngoku ziinkonzo zempiliso. Sizakuthandazela abagulayo ngobubusuku, kwaye ke ndi—ndiyathemba ukuba niyakubalapha.

14 Kwaye sithumele imibuliso kubo bonke abantu ngaphandle ukunqumla ilizwe, eGameni leNkosi uYesu, okokuba uThixo uyakunisikelela ngale ntsasa. Abanye benu basondela ngakwi mvakwemini. Phezulu eNew York, kumalunga nemva kwemini. Kwaye ngaphandle e-Arizona, uLwandlekazi lwaseNtshona, kumalunga nje nentsimbi yesixhenxe. Ke kukho . . . Kwaye apha

siphakathi nje. Ke uThixo anisikelele nisaphulaphule. Ngoku le ingaba . . .

Ndiyithathele entliziyweni yam, ngelithuba ndilapha . . .

15 Kwaye ndalelwe iholo, kwaye ekugqibeleni bavele basinika imvume; singaba nomhlangano omnye, kodwa asifanele kuthandazela namnye kwabagulayo. Andi—andisayi . . . Olo lulungiselelo lwam. Kufanele ndenze oko uMoya oyiNgcwele undixelela kona. Ke ndi—ndiyalile lonto, ngokuba ndifuna ukuba senkululekweni yokwenza nayiphi uMoya oyiNgcwele athi mandiyenze. Yabona? Ke ndicinge singahlupheka nje olunye usuku ngaphezulu, nakanjani, emnqubeni. Kwaye kupholile ngale ntsasa. INkosi isenzele nje imini entle apha, ke sinombulelo.

16 Ngoku, ekwenzeni oku, ndize apha ngesizathu sokufundisa iZibetho zokugqibela, iZibetho eZisixhenxe sokugqibela, namaXilongo aSixhenxe okugqibela, neeNdudumo eZisixhenxe zokugqibela, zeNcwadi yeSityhilelo, ndizama ukuzihlanganisa zonke kule yure esiphila kuyo ngoku; ukulandela ukuvulwa kwaMatywina aSixhenxe, iZigaba zaMabandla aSixhenxe. Ke, asibanga nakufumana gumbi lokwenzo lonto. Ke ndi—ndiyathemba ukuba, kamsinya ndinakho, siyakuba . . . singafumana indawo eyoneleyo yalonto, mhlawumbi apha okanye eLouisville, New Albany, nokuba sixhome intente, ukuze sibenakho nje ukuhlala kangangoko iNkosi isikhokelela ukuba senze.

17 Kodwa koku ngoku, ndithabatha elithuba lokuvakalisa ebantwini inkolelo yam nokholo kuThixo, ndize emva koko ndinizise kwiyure esiphila kuyo. Kwaye ngoku, akujoliswanga emntwini othile, mvumo-nkolo, nokuba ingaba yintoni; iluhlobo nje endibona iLizwi likaThixo. Kwaye kwiCawa egqithileyo sibe nokuhle kakhulu ukuthululelwa koMoya phezu kweLizwi. Ibinde kakhulu, kwaye ndikuthiyile ukuhlala okuya kude; kodwa noko asazi ixesha lethu esiyakuhlangana okokugqibela. Kwaye sifanele, njengo . . . sifuna ukuba kuko. Ndifuna ukuba njalo, kakuhle, njengoko uPawulos watshoyo wakudala, "Andifihlisanga ukwazisa kuni lonke iCebo likaThixo." UYesu wathi Akafihlanga nanye into kubafundi Bakhe.

Kwaye njengoko mna, ndixakeke kakhulu ndizama ukuhlala phantsi kwentambiso kaMoya oyiNgcwele, ukuze ndifumane yintoni i—iyure, uMyalezo weyure oyiyo, ngamanye amaxesha ndiyasilela ekuphumeni ndenze imisebenzi yam njengesicaka sikaKristu, njengomlungiseleli. Kodwa ndinamadoda amaninzi azama ukundinceda ukwenza oku, lawo ndinombulelo ngawo, bonke abazalwana bam abangabalungiseleli.

18 Ngoku, andibhekiselelanga ekuzameni ukugcina abantu. Ukuba wena, ngaphandle ebaleni apho uMyalezo uya khona, ungema ubheka bheke kweli bandla ngale ntsasa, kwimiqolo,

indawo zeentsana, ngaphandle, koonomathotholo bevuliwe, koduladula, kwizikhoji, nanjalo njalo, nakwinqwelo mafutha, ungabona yintoni ingxaki. Kwaye nkonzo nganye, abaninzi, abaninzi bayaqhuba begqitha; batsala umnxeba, nanjalo njalo, abakwazi kungena ngaphakathi okanye bajikele. Kwaye sifuna indawo ebanzi ukuze abantu bahlale kamnandi.

Kwaye ukuzisa kuwo u—uMyalezo endicinga ubaluleke kakhulu, ndiva sifanele, wonke ubani, kube mnandi ahlale phantsi, ukuze sibe nokuphulaphula; kunye nepensile zethu namaphepha, nokubhaliweyo neBhayibhile, nanjalo njalo, sibhale phantsi i—imibhalo. Kodwa ngale ndlela ndicinge ndiyakubuyela kwixesha esinalo, esiphila kulo, ndize ndizame ukuzisa ezinye yezi zinto enizakudibana nazo. Kwaye nizakuzidinga.

19 Ukuba ndiza apha namhlanje, okanye nangaluphi usuku, okanye nawuphi umlungiseleli, ukuzama ukuzisa umyalezo kubantu, abantu abafayo njengoko sinjalo, kwaye nexesha likufutshane nesiphelo, njengoko ndikholelwa ngawo lo mhla; ndiyakuba ngumhanahanisi ukuzama ukuzisa into ethile endiyaziyo ukuba niyakoneliseka yiyo kwaye iyakuchasana neLizwi likaThixo, okanye into ethile yokutsala isihlwele, okanye—okanye into ethile enjeya; andi—andiyi kuba . . . andiyi kuba ngu—ngulowo ndizele ukuba nguye apha, umlungiseleli kaKristu. Ndifuna ukuzisa into endicinga ibalulekele ukusetyenziswa nini, hayi nje ukuba ndibonwe; kodwa ukucinga ukuba yinto yokuba ukuba ndiyafa namhlanje, ngomso iyakumila ezintliziyweni zenu niqhubeke nikhonze uThixo.

20 Ngoku ndifuna ukutsho ukuba kukho into nje elungele ukwenzeka. Ndiyayazi. Abaninzi benu apha bayakhumbula xa uMzalwana uJunior Jackson waza kum kancikane phambi kokuya ngase Arizona, ngephupha awayenalo. Into engaqhelekanga! Bangaphi abakukhumbulayo oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kwaye iNkosi yasinika utoliko, yaza yenzeka twatse. Ngoku, unelinye nje kwakhona iphupha, into ethile.

21 Kwaye into engaqhelekanga, indoda yayilapho ngomnye umhla, isuka e-Oregon. Akandazi kwa ukundazi, kwaye wa . . . waphupha iphupha elikwa linye malunga, nelo uJunior Jackson waliphuphayo, kwaye—kwaye waza wandixelela. A—andilwazi utoliko; ndilindele iNkosi. Kodwa ndiyazi iyakuba yinto ethile esuka kuThixo. Khumbula nje oko. Ngu ITSHO INKOSI. Iyinto esuka kuThixo. Andiyazi ukuba yintoni. Iyethusayo ngenene, yethusa ngenene! Ngokuphandle, ngokwa—kwaphupha athe amadoda amabini . . . Enye yawo ndiya . . . ingaba ngumBhaptizi, umRhabe. Inga—ingaba ihleli apha ngale ntsasa. Andazi. Yayilapha ngenye imini. Andiyazi le ndoda.

22 Kodwa yachaza iphupha, ngenyembezi emehlweni ayo. Kwaye yachukumiseka lilo. Yeza isuka kude le e-Oregon apha, ukuza kulichaza. UMzalwana uJackson uza ngohlobo olunye, ngale ntsasa. Indoda ethile ingayazi enye; omnye, iwaka leemayile ukusuka komnye, kwaye omabini amaphupha nje ekwinto enye. Ke uMoya oyiNgcwele ulubambile utoliko lwalo kum. Andazi emandiyixelele kona indoda. Kodwa ndiyazi uThixo ulungiselela ukwenza into, kwaye iyakuba yenozuko emehlweni ethu.

23 Ngoku, uMyalezo ngale ntsasa, ndifuna ukufunda iNcwadi yamaGalati. Andishumayeli okanye nje. . . Sisifundo sesikolo seCawa. Kwaye ngoku, nina madoda nabafazi abeme noyame iindonga, kwaye umntu ofuna ukutshintshisa akuvumele uhlale phantsi ithutyana, okanye into ethile, ngoku, aniyi kundikhathaza; nje hloniphani. Kwaye ukuba abadlezana, abancinci babo bayalila okanye into ethile, umntu othile uyakuphuma kwindawo yeentsana ukuze babe nendawo yaba bancinci.

24 Kwaye ngoku thabathani ipensile zenu, iBhayibhile, nilungele ukuthabatha ezinye zeZibhalo esizakuzifunda. Andifuni nizive nibophelelekile phantsi. Ndifuna nizive—ndifuna nizive nisenkululekweni yokuhlala nifunde. Kwaye ungangavumelani, ntoleyo elungileyo. Kodwa ndithetha kuphela oku kwisizwe sonke ngale ntsasa, ukuze abantu abathe bawukholelwa uMyalezo ethe iNkosi uYesu yandinika wona wale yure, bangazi okwenzekayo, baze bakubeke eSibhalweni.

25 KwiCawa egqithileyo sithethe ku *Abathanjiswa Kwimihla Yokugqibela*. Kwaye ukuba nina, nabani wenu, ningabaphulaphuli beeteyiphu, qinisekani ekufumaneni laa teyiphu. Hayi kuba sifuna ukuthengisa iiteyiphu; oko asiyonjongo. Yinjongo yokuhambisa uMyalezo. Yabona? Yabona? Ukuba unomashini wokushicilela, fumana iqela labantu nihlangane, niyidlale, niphula phulisise. "Abathanjiswa."

26 Niva abantu bevuka besithi, "Owu, iBhayibhile ithe, 'Imihla yokugqibela, abaprofeti bobuxoki bayakuvela benze le miqondiso.'" Eso siSibhalo ngqo. Ngoko kusebenza phi oko? Ifanele isetyenzizwe kakuhle.

Ngobu busuku ndifuna ukuthetha, ukuba iNkosi ithandile, ku: *UThixo Utyhilwe Elizwini Lakhe*, indlela athe amehlo awabi nakusetyenziswa apho indlebe ifanele ibekhona. Yabona? Nje ngokubhala iBhayibhile yonke, kwaye, kwiBhayibhile yonke, kuboniswa uYesu Kristu. Ke ndifuna ukuthetha ngoko ngobubusuku, iNkosi ithandile. Kwaye ngoku, ukuba akunjalo, ngolunye usuku oluzayo.

27 Ngoku kwiNcwadi yamaGalati. NakwiNcwadi yeSibini yabaseKorinte 4:1 ukuya ku-6, emva koko amaGalati 1:1 ukuya ku-4, ndinqwenela ukufunda iSibhalo esithile. Ngoku

kumaGalati 1:1 ukuya kwi-4, "UPawulos, umpostile," qaphela ukuma kanye ngokukhawuleza. *Umpostile* uthetha "othunyiweyo," okanye, "umseki mabandla."

> *UPawulos, umpostile, (ongavele bantwini, kungengamntu, kodwa*. . .kungaye uYesu Kristu, noThixo uYise, owamvusayo *kwabafileyo;)*
>
> *Nabo bonke abazalwana abakunye nam, kuwo amabandla akwelaseGalati:*
>
> *Ubabalo malube phezu* kwenu *noxolo oluvela kuThixo uBawo* wethu, *nakuyo* i*Nkosi uYesu Kristu,*
>
> *Owazinikelayo ngenxa yezono zethu, ukuze asikhulule kwiphakade eli langoku lingendawo, ngokuthanda kukaThixo*. . .*uBawo wethu:*
>
> *Kuye makubekho uzuko kude kuse emaphakade asemaphakadeni. Amen.*

28 Ngoku kwiNcwadi yabaseKorinte beSibini, isahluko sesi-4, kwaye siyakufunda ukusuka ku-1 ukuya kwi-6, imiqolo.

> *Ngenxa yoko sinalo nje olu lungiselelo, sithi njengoko samkele inceba, singethi mandla;*
>
> *Sisuke sazilahla izinto ezifihlakeleyo eziziintloni, singahambi ngobuqhetseba, singalikhohlakalisi ilizwi likaThixo; sisuka ngokuyibonakalisa inyaniso siziyaleze kuso sonke isazela sabantu emehlweni kaThixo.*
>
> *Ukuba ke zigqutyuthelwe iindaba ezilungileyo zethu, zigqtyuthelwe kwabo batshabalalayo:*

Ukuba oko akuzisi ulwanyulo lwexa engaphambili, andazi kwenza ntoni.

> *Athe uthixo weli phakade* wa*zimfamekisa ngaphakathi kwabo ingqiqo zabangakholwayo, hleze isikhanyiso seendaba ezilungileyo zobuqaqawuli bukaKristu, ongumfanekiselo kaThixo, sibengezele kubo.*

Into enye njengoko kwakunjalo emyezweni e-Edeni, "Bakutshwa, hleze bachukumise laMthi."

> *Kuba asizivakalisi thina, sivakalisa uKristu Yesu iNkosi;*. . .*thina singabakhonzi benu ngenxa ka*Kristu.
>
> *Ngokuba nguThixo, yena wathi ukhanyiso malukhanye ebumnyameni,* bu*khanyisile ezintliziyweni zethu,* kwaze *kwanika ulwazi lokukhanya bokwaziwa kobuqaqawuli bukaThixo ebusweni buka Yesu Kristu.*

29 Amen! Lifundeka njalo ke iLizwi! Ngoku, isiqendwana sam ngale ntsasa: *UThixo Wesi Sigaba Singcolileyo*. Njengoko sifundile eZibhalweni, "uthixo welihlabathi, elihlabathi lingendawo." Ngoku, lo Myalezo ukhomba ukungcola kwesi

sigaba singcolileyo, kwaye kufanelekile kuprofetwe ngesi sigaba singcolileyo.

Kwaye yinkolo yam yokuba konke . . . okokuba iBhayibhile inayo yonke impendulo yaso nasiphi isigaba, sele ibhaliwe eBhayibhileni, ukwenzela ikholwa lesa sigaba. Ndiyakholwa ukuba yonke into esiyidingayo ibhalwe kanye *Apha*, ifuna nje ukutolikwa ngoMoya oyiNgcwele. Andikholelwa ekubeni nayiphi indoda emhlabeni inelungelo lokubeka inguqulelo yayo eLizwini. UThixo akadingi namnye umntu ukuba atolike iLizwi Lakhe. Ungozitolikelayo NgoKwakhe. Utshilo Uyakuyenza, kwaye Uyayenza.

30 Njengoko nditshilo amatyeli amaninzi. Wathi, "Intombi iyakumitha," Wakuthetha oko ngemilebe yomprofeti, kwaye yayenza. Akukho mntu ekwakufanele atolike lonto. Ekuqalekeni, Wathi, "Makubekho ukukhanya," kwaye kwabakho. Akufunekanga mntu atolike Lonto. Wathi, "Kwimihla yokugqibela, Uyakuthulula uMoya Wakhe phezu kwayo yonke inyama," kwaye Wakwenza. Akudinganga namnye atolike Lonto. Wathi, "Kwimihla yokugqibela, ezi zinto" (esizibona zisenzeka ngoku) "ziyakuba lapha." Ayidingi nalunye utoliko. Sele itolikiwe. Yabona?

31 Ngoku, qwalaselisisa ngoku njengoko sifunda nzulu iLizwi. *UThixo Wesi Sigaba Singcolileyo*, esiphila kuso ngoku. Ingakhangeleka ingaqhelekanga, into engaqhelekanga ngenene, kwesi sigaba senceba, xa, "UThixo ezithabathela abantu ngenxa yeGama Lakhe," lowo nguMtshakazi Wakhe, kwesi sigaba singcolileyo esifanele sibizwe isigaba sokungcola. Esona sigaba apho "UThixo ebiza abantu ngenxa yeGama Lakhe," ngenceba, ebakhupha, kwaye sibizwa isigaba sokungcola. Ngoku, sizakuyiqinisekisa ngeBhayibhile ukuba esi sisigaba Awayethetha ngaso. Eyona nto ingaqhelekanga ukucinga oko, okokuba kwisigaba esingcolileyo njengesi, ukuba uThixo uya kubiza uMtshakazi Wakhe.

32 Uyaqaphela, Wathi, "abantu," hayi "ibandla." Kutheni? Noko, Ibizwa iBandla, kodwa Uyakubiza, "abantu." Ngoku, ibandla kukuhlangana kwabantu abaninzi bazo zonke iintlobo. Kodwa uThixo ubiza omnye apha . . . Akathanga, "Ndiyakubiza amaWisile, Bhaptizi, bakwaMoya." Uthe Uyakubiza abantu. Esenzela ntoni? Igama Lakhe. Yabona, abantu; omnye esuka eWisile, omnye esuka eBhaptizi, omnye esuka eLutere, omnye esuka eKatolika.Yabona?

Kodwa Uyabiza, hayi iqela lebandla, kodwa "abantu ngenxa yeGama Lakhe," abamkele iGama Lakhe, ababandakanywa eGameni Lakhe, abaya emsithweni batshatiselwe kuYe, babe yinxalenye Yakhe, yabona, ngolwanyulo lwexa elingaphambili. Nje ngendoda ekhetha umfazi olungileyo ebomini, wayenyulelwe ukuba yinxalenye yomzimba wakhe. Ke,

oko, uMtshakazi kaKristu ayakuba kuko, kwaye akukho ngoku, ukusukela kudala, wanyulwe nguThixo ukuba abe yinxalenye yalaMzimba. Yabona? Owu, iZibhalo zityebe kakhulu, zizele bubusi!

33 Qwalasela, hayi koko othile akutshiloyo, oko othile akubizayo; kodwa koko uThixo wakukhethayo phambi kokusekwa kwehlabathi, kwaye ubiza aba bantu kwimihla yokugqibela; hayi umbutho. "Abantu ngenxa yeGama Lakhe." Kwaye esi sigaba singcolileyo kuxa Akwenzayo oko, kanye esi sigaba sikhohlisayo.

34 Kwiveki ephelileyo, kuMateyu 24, yabe isesona sigaba sikhohlisayo kuzo zonke izigaba. Zonke izigaba zokhohliso, ukusuka emyezweni we-Eden, konke ukuhla, akuzange kubekho isigaba esikhohlisa njengesi sigaba. "Abaprofeti bobuxoki bayakuvuka baze babonise imiqondiso nezimanga, ukuba bekunokwenzeka balahlekise nabaNyuliweyo." Yabona? Ngoku, nje ezibandayo, ezomileyo, ezilukhuni iicawa, nanjalo njalo, eyenziwe ngumntu imfundo yezakwalizwi, engayi kubanto; Abanyuliweyo abasayi kuyihoya lonto. Kodwa iphaya phezulu phantse yanje ngento yenene. Nje ukushiya iLizwi elinye kuphela ofanele ukwenze. Okuthenjiswa sisigaba; ixesha elimnandi kakhulu! AmaKristu, yonke indawo, thabathela ingqalelo ixesha esiphila kulo! Liphawule, kwaye funda, uze uphula phulisise.

35 Yintoni ayakubabizela ngaphandle yona uThixo abantu kwesi sigaba, iGama Lakhe? Isizathu, kukuvavanya Yena, uMtshakazi Wakhe. Kuku . . . Xa ebonakalisiwe, evavanyiwe, eqinisekisiwe, eqinisekisiwe kuSathana. Njengoko kwakunjalo ekuqalekeni, kuyakubanjalo nasekupheleni.

36 Njengembewu iqalisa emhlabeni, igqitha kwizithwali, ubomi bayo, kodwa iphelela ekubeni yimbewu eyayiyiyo xa yangena emhlabeni.

Kwangendlela ekwanye imbewu yokulukuhla yangena ngayo emhlabeni, e-Eden, yindlela ekwanye eyakuphela ngayo kwimihla yokugqibela.

Njengoko yayinjalo iVangeli xa yawela ehlelweni eNicaea, eRoma, iphela ingumbuthokazi omkhulu.

Njengoko iMbewu yeBandla yawa emva phaya, ngemiqondiso, izimanga, kunye noKristu ophilayo phakathi kwabo, iphela kwimihla yokugqibela phantsi kolungiselelo lukaMalaki 4, kwaye ibuyisela emva kwakhona uKholo lwemvelo elanikwayo ngaphambili.

37 Siyafumanisa ngoku, esi sigaba singcolileyo sifanele sibonakalise, kuSathana, ukuba uMtshakazi akafani no-Eva, okokuba Akalulo olwahlobo lomfazi. Kwaye Uyakuvavanywa ngeLizwi Lakhe, uMtshakazi, njengoko umtshakazi ka-Adam wavavanywayo ngeLizwi. Kwaye umtshakazi ka-

Adam wakholelwa lonke isuntswana leLizwi, lonke, kodwa wabhidanisa isithembiso sasinye, esokuba, "Unguye izolo, namhlanje, naphakade," namhlanje, yabona; kodwa wasilela kwisithembiso esinye, phantsi kohendo lotshaba, ubuso ngobuso. Kwaye ngoku, abantu ababizelwe iGama Lakhe, kakade, nguMtshakazi Wakhe. Kufanele eze kuhlangana kwakhona ngento ekwanye; hayi kuphela ngenyaniso yobuhlelo okanye into ethile, kodwa lonke iLizwi!

38 Kuba, ekuqalekeni kweBhayibhile, umntu wanikwa iLizwi likaThixo ukuze aphile ngalo. ILizwi elinye, litolikwe goso ngu—ngumntu obizwa uSathana, kumntu wesilwanyana obizwa inyoka. USathana, kulomntu, wayenakho ukuthetha no-Eva, kwaye atolike goso iLizwi kuye, waza walahleka. Yabona, Lifanele libe liLizwi lonke.

39 Embindini weBhayibhile, uYesu uyeza athi, "Umntu akayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi," xa Walingwayo nguSathana.

Ngoku, uThixo usixelela apha kwimihla yokugqibela, ukuba, "Uthixo weli hlabathi uyakuvuka kwimihla yokugqibela."

"Kwaye nabani oyakongeza libe linye kuYo, okanye asuse libe linye iLizwi kuYo, isabelo sakhe siyakususwa eNcwadini yoBomi."

UThixo makabe nenceba kuthi! Kwaye asenze singahambi njengeehempe ezomileyo, sityhale izifuba, siqwanye, abazi konke, kuba nathi ngokwethu sasingabangathobekileyo. Ngalo ubabalo, nenceba, novakalelo entliziyweni yethu ngakuThixo, masize ngokuthobekileyo kwiTrone yenceba.

40 Okungaqhelekanga ngoku, emva kwamakhulu alishumi elinesithoba leminyaka yokushumayela iVangeli, kwaye ngoku yona, leyo yinkqubo yehlabathi, ingcole kakhulu kunemihla xa oko, xa Yena wayelapha. Inqubo yehlabathi ingcole kakhulu. Ihlabathi libheka kuvutho ndaba olukhulu. Niyayazi lonto. INkosi izalisekisa iLizwi Layo kwisandla sonke.

41 Izolo, ndimile. . . Ndiyacinga umfo omncinci aka. . . Akasokuze. Bendize nomfazi wam, noNksk. Wood, uMzalwana uRoy Roberson, ndaweni ithile apha, uMzalwana uWood, siye sema ngaphaya apha kule incinci iYoungstown Shopping Centre, ukufumana i—isixa athe uDade Wood wanaso. Kwaye kwi. . . ngelixa wayemile phaya, umfo omcinci wenyuka waza wazakuzazisa, endingamaziyo. Omnye umfo omcinci wanyuka naye wathi babesuka mhlawumbi e-Alabama, Georg-. . . ndiyakholwa eGeorgia, kuba ndibabuzile ukuba bayamazi uMzalwana wethu uWelch Evans. Kwaye sithethile imizuzu embalwa. Kwaye xa ndahamba, lo mfo mcinci wandijonga. Njengoko omnye omcinci umfo kunye nenkwenkwana yakhe

encinci bahambela mgama, lo mfo mncinci wandijonga. Wathi, “Nje into ibenye endifuna ukuyitsho.”

Ndathi, “U—ulikholwa? UngumKristu?”

Wathi, “Hayi, mhlekazi.” Wathi, “Bendi . . . ”

42 Ndingangacaphuli kanye amazwi awatshiloyo apha, kodwa angabe ungonesikrokrwana esincinci. Ndambuza malunga nezinto zokuvela kweNgelosi yeNkosi. Kwaye wathi wakha weva malunga nayo, kodwa zange waba secaweni ngaphambili, lena icawa. Ndathi, “Uyayikholelwa Yona?”

Wathi, “Ewe, mhlekazi.” Wathi, “Ndi—ndibe ndibukele into ethile.” Wathi, “Abantu bebendixelela malunga nolu qikelelo nezinto, kwaye ndivile eteyiphini ukuba uqikelele indlela iCalifornia eyakuchachamba ngayo ngolwa hlobo.” Wathi, “Xa ndakubonayo oko ephepheni, ngoko ndayikholelwa.” Wathi, “Ndiyeza namhlanje okanye ngomso,” kunamhlanje, “ixesha lam lokuqala.”

Ndathi, “INkosi ikusikelele, nyana,” ndaqalisa ukuxhawula isandla sakhe.

Wathi, “Kodwa ndifuna ukutsho into kuwe, mhlekazi.” Wathi, “Ndilahleke kangangokulahleka okunokubakho.” Wathi, “Ndinje ngengqekembe esesicukwini sentlabathi, ndilahlekile!”

43 Ndathi, “Kodwa akudingeki ukuba uhlale ngolwahlobo. Kukho Mntu uthile umi ekhona ngoku Onokufumana ngomzuzu okulungeleyo ukufunyanwa.”

Wathi, “Ndikulungele.”

Ndathi, “Ungathobisa intloko yakho?”

Wathi, “Andinazintloni.”

Hayi kuphela oko, kodwa waguqa ngamadolo, khona phaya kwindawo yomisa izithuthi, phambi kwabo bonke abantu. Abantu ezitratweni bembukele. Khona phaya sathandaza naye, de wanikela intliziyo yakhe kuThixo. Wenyuka weza, engumoni; wemka, engumntwana kaThixo. Wenyuka waya kwicala lemoto, efile; waza wajika, ephilile.

44 Ndathi, “Iqula liyakube livuliwe ngomso.”

> Kukho ichibi lizele Ligazi,
> Litsalwa emithanjeni ka Imanuweli,
> Apho aboni banyhalwe phantsi kwempuphuma,
> Kususwa onke amabala obutyala.

Ndathi, “Phakama ubhaptizwe eGameni likaYesu Kristu, ubize eGameni leNkosi. UThixo uyakukuzalisa ngoMoya oyiNgcwele, aze akunike ezi zinto zinkulu, akwenze ukuze ubenakho ukuYibona.”

45 Yintoni? Ihlabathi liya kuvutho ndaba. Kutheni? Umoya wokungathobeli mthetho, ukubola kwezimilo, inkolo

yezenzululwazi, iyikhokelele ku "umgibe wazo zonke ezithiyekileyo nezingcolileyo iintaka," njengoko iBhayibhile itshiloyo. Masiyifunde, Isityhilelo 18. Nje ngelixa sisafumana elinqaku liqala, sifumana Isityhilelo 18:1 ukuya ku-5. Ndicinga ndinako okuya kuphawulwe kakuhle.

> *Ndaza emva kwezi zinto ndabona esinye isithunywa sezulu sisihla siphuma ezulwini, sinegunya elikhulu; waza umhlaba wakhanyiselwa bubuqaqawuli baso.*
>
> *Sadanduluka ngamandla ngezwi elikhulu,* (ngoku nina bantu ababenamaphupha). . .*sisithi, i*yawa, *i*yawa *iBhabheli enkulu, yaba likhaya leedemon, nentolongo yoomoya bonke abangcolileyo,. . .intolongo yeentaka zonke ezingcolileyo ezithiyekileyo.*
>
> *Ngokuba zonke iintlanga* zisele *kuyo (icawa) iwayini yomsindo* wobuhenyu *bayo, nookumkani bomhlaba* bahenyuza *nayo, nabarhwebi bomhlaba* baba *zizityebi ngamandla okuxhamla iziyolo zayo.*
>
> *Ndeva elinye izwi liphuma ezulwini, lisithi, Phumani kuyo, bantu bam, ukuze* ni*ngadlelani nayo ngezono zayo,. . .nokuze* ni*ngamkeliswa kwizibetho zayo.*
>
> *Ngokuba* izono *zayo* ziye *zafikelela ezulwini, kwaye uThixo* ubukhumbule ubugwenxa *bakhe.*

46 Esinjani isilumkiso! Oko kulilahlela ibandla kanye emva kwiSityhilelo 3:14, ukuya kwisigaba saseLawodike, ukungathobeli mthetho; ngenene enenkolo, kodwa engathobeli mthetho. "Wena, ngokuba uthi, 'Sizizityebi, asiswele nto,' ube ungazi ukuba uhamba ze, ulisizana, uyimfama, kwaye ungayazi lonto." Igqibelelene neSibhalo sesi sigaba, hayi iSibhalo sesigaba sikaDaniyeli, hayi esabathile egameni le. . .sigaba sikaNowa, kodwa kwesi sokugqibela, isigaba esingcolileyo.

47 Qwalasela apha, "Wena uze." Makuzike oko nzulu ngenene. Ndiyazi ndingaphikiswa kakhulu kulengcinga, kodwa iya kwindawo apho umKristu kunganzima ukuba angaphuma endlwini yakhe angaziswa ebukhoneni besi sigaba singcolileyo, ngabafazi abanxibe ngokungaphelelanga.

48 Bafazi, ndizakutsho oku, kwaye ndifuna niphulaphule. Kwaye, madoda nabafazi, ningangavumelani noku, kodwa ndiziva ndikhokelelwa ukuyitsho. Benisazi, nawuphi umfazi ozihlubayo njengokuya akakho sezingqondweni? Niyayazi, unjalo, nokuba uyayikholelwa okanye hayi, okanye akacingi njalo, ulihenyukazi? Nakubeni umfazi angema nesandla sakhe phambi koThixo aze afunge ukuba zange wachukunyiswa nayeyinye indoda engenye kuphela ngumyeni wakhe, kwaye oko kungaba yinyani yenene, kodwa noko ulihenyukazi. Utshilo uYesu, "Nabani osukuba ejonga umfazi amnqwenele sele ekrexezile kunye naye." Kwaye umfazi angabe. . .

49 Yabona, yena "uze," itshilo iBhayibhile, "kwaye akazi." Umoya omthambisayo ukuba enze izinto ezinjalo ngongcolileyo, umoya wobuhenyukazi. Umphandle wakhe, umzimba wakhe, inyama yakhe, ingabe ucocekile. Anga akenzanga naluphi ukrexezo, kwaye angafunga kuThixo kwaye kube yinyaniso, yokuba zange, kodwa umoya wakhe ngumoya wobuhenyukazi. Umfamekiseke kakhulu nguthixo welihlabathi lefashoni; umnxibisa ukuba akhanukise aze aphumele phaya.

50 Ngenye imini, uMzalwana uWood nam sasifaka isikhephe sethu emanzini. Kwakufanele ndimke endlwini imizuzwana embalwa, ukuya phezulu emlanjeni. Kwaye naphina apho uyakhona, abafazi nezi zincinci zimfutshane ze. . . ezibizwa 'kinis okanye into ethile, ibabhijele. Oko lihlazo. Umfazi akanakuba sezingqondweni aze anxibe into enjeya. Uzaliswe ngumoya wobuhenyu. Ngoku, yilungise lonto noThixo, nenekazi, ngoba uyakufumanisa ngenye imini ukuba oko yiNyaniso.

51 Ungayenza njani, nenekazi, usazi unyulu kangakanani umzimba wakho, uze uwuveza phandle phaya kwaba bakhanuki, onozono babatyholi abahamba kwizitrato zalomhla? Ukuba oonyana bakaThixo babesengoonyana bakaThixo, umyeni wakho ebe ngunyana kaThixo, ebeyakukwenza unxibe impahla okanye akushiye. Ukuba inkwenkwe ibingunyana kaThixo, ibingasokuze itshate into enjalo. Yabona?

Uthi, "Wenz-. . . " Hayi.

Ndikuxelela iNyaniso, kwaye ngenye imini uyakuhlangana Nayo. "Uze, mkrexezikazi; akuyazi lonto."

52 "Owu, ndiyafunga ukuba andizange ndophula izibhambathiso zomnyeni wam." Umyeni wakho uyakukugweba ngazo ukuba uzophule. Kodwa uThixo uyakugweba ngohlobo lomoya onawo ngaphakathi kuwe; hayi ukugweba ngomzimba wakho, kodwa ngomoya wakho, lamntu ungaphakathi.

53 Umntu wangaphandle ngumntu wenyama olawulwa zizimvo ezintandathu. . . okanye ezintlanu izimvo, ngxebe. Umntu wangaphakathi ngumntu kamoya olawulwa zizimvo ezintlanu; ukwazi, nothando, nanjalo njalo. Umntu wangaphandle; yabona, ukungcamla, ukuchukumisa, ukujojisa, ukuva.

Kodwa okungaphakathi kwala moya ngumphefumlo, kwaye ulawulwa yinto enye, intando yakho. Ungamkela oko akutshoyo umtyholi okanye wamkele oko akutshoyo uThixo. Kwaye oko kuyakubonisa ngowuphi umoya ongaphakathi phaya. Ukuba nguMoya kaThixo, Uyakuzondla kwizinto zikaThixo, kwaye Awusayi kuzondla nakweyiphi into yehlabathi. Wathi uYesu, "Ukuba niyalithanda ihlabathi okanye izinto zehlabathi, kungokuba uthando lukaThixo aluzange lwangena kule ndawo yangaphakathi." USathana unikhohlisile. "Kwaye umntu akasayi kuphila ngasonka sodwa, kodwa ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo."

Qwalasela ngoku, siyafumanisa ukuba "uze," ungcolile kwaye uhamba ze.

54 Kwaye ihlabathi likhangeleka likwesona sigaba singcolileyo esakhe sabakho. Zange nakwesiphi isigaba abafazi benze ngolwahlobo, zange kodwa nje phambi kokutshatyalaliswa kwehlabathi ngunogumbe. Kwaye uYesu ubhekisela kuyo. Sizakufika koko nje ethubeni.

55 Ingaba uThixo uphulukene nolawulo, okanye ingaba Uvumela enye i-arhente ilawule? Andazi. Impendulo enyanisileyo kulo mbuzo yile, kolwam uluvo, kukho imimoya emibini echaseneyo ehlabathini namhlanje, esebenzayo. Ngoku, akunakubakho engaphezu kwesibini, iintloko ezimbini. Kwaye Enye yazo nguMoya oyiNgcwele usebenza; enye ngumoya womtyholi, kwaye, kwimihla yokugqibela, kukhohliso.

Ngoku ndizakusekela iingcinga zam kanye apha kuso sonke isiqendwana, kuwo wonke u . . . uMyalezo wethu.

56 Imimoya emibini. Omnye wayo, uMoya oyiNgcwele kaThixo; omnye, umoya womtyholi, usebenza ekukhohliseni. Abantu bomhlaba ngoku benze ukhetho lwabo.

UMoya oyiNgcwele ulapha ubizela ngaphandle uMtshakazi kuKristu. Uyenza lonto ngokungqinela iLizwi Lakhe lesithembiso kuYe umtshakazi, ngesi sigaba, ebonisa Wona ukuba nguKristu.

Ukuba umnwe ufanele ukushukuma kwesi sigaba, umnwe uya kushukuma. Ukuba unyawo lufanele lushukume kwesi sigaba, unyawo luya kushukuma. Ukuba iliso lifanele libone kwesi sigaba, iliso liyakubona. Yabona?

UMoya kaThixo, njengoko Ukhula ekubeni sisimo esipheleleyo sikaThixo, sisigaba esiphila kuso ngoku. UMoya oyiNgcwele ulapha ungqinela uMyalezo wesigaba. Kwaye uMoya oyiNgcwele wenza oku, ukuze abantu abakholelwa uThixo babizelwe ngaphandle kwale mbudumbudu.

Umoya ongcolileyo kamtyholi ulapha ubiza ibandla lakhe ngemposiso, njengesiqhelo, ngokugqwetha iLizwi likaThixo, njengoko wenzayo ekuqalekeni. Uyayibona ibuyela emva kula mbewu kwakhona, ukusuka e-Eden? Nantsi ikhona kwakhona.

57 Ngoku, ukubuyela emva phaya, wena wawungowe-. . . ezinye izigaba, wawu ngowasemahlelweni, wawungowa *le, leya*, okanye *engenye*. Kwenzeka ntoni kwidiza lobuhlelo? Loma. UMoya waqhubeka usimka kwaye uqhubekeka, waza Wayokutsho eMbewini. Uyabona?

58 Kwaye isihendo, sazo zozibini, sabuyela ngendlela ekwanye ebesiyiyo ekuqalekeni. Qwalasela. Suku—suku, hayi, sukuyilibala ngoku.

Njengo Yohane, uYohane wokuQala 4:5 kunye ne-6, ukuba ufuna ukubhala phantsi oko, uyibeka, "umoya wempazamo."

U-Eva zange nje aphume, ngokuzithandela, athi, "Andikholelwa kuThixo." Hayi. Yayiyimpazamo awayikholelwayo.

59 USathana zange aphume athi, "Owu, kulungile, elo asililo kwa iLizwi likaThixo." Wavuma ukuba YayiliLizwi likaThixo, kodwa wafaka okwakhe ukutolika kuLo. Ntoleyo, uThixo wabaxelela ngokucacileyo ukuba bangayenzi.

Yintoni ekwenzayo oko? "Yenza ulahlekiso okukhulu, lokuba abantu bakholelwe ubuxoki, kwaye bagwetywe bubo." Ngoku ukuba ufuna ukufunda oko, KwabaseTesalonika Besibini 2:11.

60 Njengoko bendinazo, ezimbalwa iZibhalo apha, kwaye asiyi kubanakho ukuzifunda zonke. Esinye ngoku nangelinye ixesha, ndiyakuninika zona. Njengoko kubonakala ngokungaqhelekanga, okokuba niyibuze okanye into ethile, kwaye singayibhala phantsi size sinifundele ukwenzela kulunge kuni—kuni.

61 "Ukwenza ulahlekiso okukhulu," njengoko iBhayibhile ithi iyakubanjalo, KwabaseTesalonika Besibini. "Ngoku, lendoda yesono iyakuza ibekho, ize ihlale etempileni kaThixo, izibonisa ukuba yayinguThixo, ibenze abantu bangene ekulahlekeni okukhulu, bakholelwe ubuxoki; baze, bayikholelwe, bayakugwetywa bubo."

Yinto ekwanye awayenzayo ku-Eva. Wamnika yena... Zange—zange wamxelela ukuba iLizwi lalingalunganga, kodwa wamlahlekisa kakhulu, okokuba akholelwe ubuxoki.

62 Umoya wokulahleka ngokamtyholi. "Abatyholi ngoku basebenza kubantwana abangathobekileyo." Abangathobekanga kwintoni? Yintoni abantwana balo mhla abangathobekileyo kuyo? Njengo Eva wayenjalo, ekuqalekeni, iLizwi elinyanisekileyo likaThixo. Injalo lonto. Ngoku ukuba ungafuna ukufumana oko...

Masityhileni kuyo, kwabase-Efese 2, nje umzuzu, ngoba ikhangeleka ntle ukuba si...Ndiyakuma nje umzuzu, ukuba aningxamanga kakhulu, ndize ndifunde okunye koku. Kwabase-Efese 2:1 ukuya ku-2.

> *Nani* uni*dlise ubomi,* na*nifile nje ziziphoso nazi*zono:
>
> *Enanifudula* ngexesha *eligqithileyo nihamba kuzo ngokwesimo seli hlabathi, ngokomphathi wegunya lesibhakabhaka, umoya lo ngoku usebenzayo kubantwana abangevayo:*

63 "Abantwana abangevayo." Kwaye ukuba umchasi kristu, waqala phaya ebuntsaneni bokungeva, iyakuba yintoni xa ifika kumntu womchasi kristu? Indlela eyakukhohlisa ngayo! Kukhulu kangakanani ukukhohlisa ano—anokwenza umntu omdala ehlabathini, kunosana lomntwana! Kwaye wathi, "Umoya wo—wokulahleka ngoku usebenza ebantwaneni

abangevayo," abangevayo eLizwini. Qwalasela. Ngoku ndifuna ukuhlala koku nje umzuzu, "abantwana bokungeva," umntwana.

64 Ubusazi, wena, isiqalo sakho, ndingakuqinisekisa ngeLizwi likaThixo ukuba wena, nawuphi umntu apha, wawuphila kuyise kayise mkhulu wakho. Kwaye uyise kayise mkhulu wakho, waveliswa kuyisemkhulu wakho, emva koko kuyihlo, kwaza emva koko yaba nguwe. Uyayazi lonto?

IBhayibhile ithe, ndiyakholwa ngamaHebhere 7, okokuba, uMelkitsedeki, xa u-Abraham wayebuyela ekuxabeleni ookumkani, "U-Abraham wahlawula isishumi kuMelkitsedeki sako konke akuzuzileyo emfazweni." Kwaye nanku apha uPawulos esithi ngoku, okokuba, "ULevi, owamkela izishumi, noko waye...Wahlawula izishumi, ngokuba wayesesinqeni sika Abraham xa wahlangana noMelkitsedeki." Ke nantoni u-Abraham awayenzayo, ngoko siyafumana ukuba uLevi wayesesinqeni sika Abraham ngoko, owaye enguyise kayise mkhulu. U-Abraham wazala u-Isake; u-Isake wazala uYakobi; uYakobi wazala amaqhawe, uLevi.

Ngoku, ngoko, uyabona, naku kusiza ekubonakaleni okugqibeleleyo, ulwanyulo lwexa engaphambili.

65 Ngoku, kule Miyalezo, ndifuna uku—uku—ukugxininisa izinto endinixelele zona kuMyalezo, wokukuKhanya kwangokuhlwa athe uThixo kuzakuza emhlabeni.

66 Kwaye qwalasela, emva koko, "Irhamncwa elalizakuza emhlabeni, liyakukhohlisa bonke abo bamagama ayengabhalwanga eNcwadini yoBomi yeMvana, eyaxhelwayo phambi kokusekwa kwehlabathi."

67 Ekucingeni kukaThixo; uThixo, uMoya omkhulu. Ekuqalekeni, phambi kokubakho kwesiqalo, waye EnguThixo, kwaye ubusazi wawukuYe ngoko? Ukuba ungumKristu ngoku, wawukuYe ngoko.

Kwaye ngoko, ukuba oko kunjalo, yonke intloko buThixo ibumbekele kuMntu kaYesu Kristu. Kwaye xa uYesu wafa emnqalezweni, ndafa kunye naYe, kuba ndandikuYe ngoko; kuba Wayekukuphela kweLizwi, libonakalisiwe, esazi ukuba siyakubonakaliswa kamva. Kwaye sasiseKalvari kunye naYe. Saya engcwabeni kunye naYe. Saza savuka kunye naYe novuko Lwakhe. Kwaye ngoku sinyukile, ngoMoya Wakhe, ukuya eTroneni yobabalo, sihleli sonke kwezaseMazulwini iindawo kuye uKristu Yesu. Okokoko!

68 Ngokuba nje ngembewu yobomi bendalo isiziswa, ikhula kutata ukuya kutata, ukuya kutata, ukuya kutata, bunjalo noBomi bukaKristu ukukhula.

Kungeso sizathu uThixo esebenzisa uMoya ka-Eliya amatyeli amahlanu ahlukeneyo. Yintoni? Kuyagqithiselwa.

69 Njengobomi bakho basendalweni nemfuzo bugqithiselwa ukusuka kukuqanduselwa kwendalo kukayihlo, unjalo noMoya kaThixo, owanyulwa ngexa elingaphambili phambi kokusekwa kwehlabathi.

Kwaye xa lonke iLizwi likaThixo, ekupheleleni, lalinyuka ngomzimba womntu obizwa Yesu Kristu, ngaphakathi phaya uThixo wandenza ndahlawula ngenxa yezono zam, ngaphakathi kuYe phaya. Emva koko Wandivusa, wandivusa kunye naYe, eluvukweni. Kwaye ngoku sihleli kunye naYe, ngamandla negunya phezu kwazo zonke idemoni. Owu, ukuba nje unokukholelwa oko uThixo akunikezeleyo! Kodwa ukuba akuhlelanga phaya, akunalo. Kwaye ukuba uhleli phaya, kwaye ungalikholelwa, kwaye usoyika ukushukuma, akusokuze ulisebenzise. Kodwa ukuba uhleli phaya, uyakulisebenzisa, kuba wanyulelwe ukwenza oko ukwenzayo.

70 "UFaro," kwelinye icala, "wamiselwa le njongo," iBhayibhile itshilo, ukuba nguFaro. "UYuda Skariyoti wamiselwa ukuba ngunyana wentshabalalo."

Ngoku qwalasela ezi Nyaniso zinkulu esisondela kuzo.

71 Ngoku siyabona ukuba ibandla lala ukwamkela iLizwi likaThixo ukuba lilawule phezu kwabo, laza lamkela uBharabhasi endaweni yoko. Ngoko, ukuba ufuna Isibhalo ngoko, nguMateyu 27:15 ukuya 23. Kwenza ntoni oku? Kwenza eyiphi indawo oku? Ngoku cinga ngayo. Xa ibandla lehlabathi, kubomi balo obuhlangeneyo bobulungisa, amadoda angcwele, njengoko babecinga bangawo, nokubanjalo emehlweni abantu, bambethelela uYesu, bathi, "Asinakuvumela leNdoda ilawule phezu kwethu." Kwaye uYesu wayeyingqibelelo yeLizwi likaThixo. UYohane wokuQala 1, uyayivakalisa. Baza bathi, "Asinakuvumela eliLizwi likaThixo lilawule phezu kwethu." Noko, WayeliLizwi, kodwa amehlo abo ayemfanyekisiwe koko Wayekuko. Kuba Wayeyimpendulo ethe ngqo kuso sonke isiprofeto esasizakuzalisekiseka ngaYe.

Ngoku, sonke siyakukholelwa oko, ngokuba sijonga ngemva sikubone kusenzeka. Kodwa ukuba ilizwe belinakho, oko kungoku, esi sigaba singcolileyo sangoku, ebesinokuba semva phaya kwela xesha, beliyakwenza into ekwanye eliyenzayo namhlanje, ngokuba iseliLizwi elikwalinye, lesi sigaba, libonakaliswe. Úyakuyenza. Abanakwenza nto ingenye. "Bangabantwana bokungathobeli." "Banikwe ulahlekiso olukhulu, ukuba bakholelwe ubuxoki, kwaye bagwetywe bubo."

72 Qaphela xa ibandla lehlabathi lingayi kumamkela uYesu, iLizwi, elibonakaliselwe lalamhla, ngokuba (kutheni?) baLitolikele ngenye indlela. Kodwa bekufanele bayazile ukuba waye EliLizwi, ngokuba yonke into athe uThixo Uyakuyenza, Wayenza. Kwaye Wathi kubo, "Phengululani iZibhalo zale yure;

kwaye ukuba Andizalisekisanga amanqanaba ayethethwe ngaM ukuba ndiwenze, ngoko sanukundikholelwa Mna."

Bathi, "Sikholelwa uMoses."

73 Wathi, "Ukuba nanimkholelwa uMoses, beninokundikholelwa Mna, kuba uMoses wathetha ngaM." Kwaye futhi zange bayibone. Oyena Thixo weZulu esifa emnqamlezweni, esitsho kwa amazwi amanye umprofeti wathi Uyakuwatsho, kwaye futhi zange bayibone. Yabona?

Babengelulo uhlobo Lwakhe. Babengelo Lizwi, hayi iLizwi; kwaye bona, noko, babe—babengabenkolo kakhulu. Kodwa babengelo Lizwi, kuba Lona—Lona belinokuyiqonda indawo Yalo yala yure.

74 Qwalasela indlela entle iZibhalo ezinxulumana kunye ngayo kuso sonke isigaba. Qwalasela ngoku.

Kwaye xa ibandla lehlabathi lingenakuvumela iLizwi likaThixo lilawule phezu kwabo, lamkela umbulali, uBharabhas. Yenza ntoni lento? Yaphakamisa uSathana, uthixo wesi sigaba singcolileyo, yambeka kwindawo leyo ebekade eyifuna.

Ngoku phulaphula. Kuba, uSathana akuthethwa ngaye njengothixo waso nasiphi esinye isigaba kuphela esi sigaba. Kwakungathethwa ngaye enguthixo wesigaba sika Nowa. Kwakungathethwa ngaye e—enguthixo wesigaba sikaMoses, uthixo wesigaba sika Eliya. Kodwa, esi sigaba singcolileyo, uyi . . . Owu, ungayiphosi! Unguthixo wesi sigaba singcolileyo, unqulwa zizigidi nezigidi zezigidi zabantu, kwaye abayazi lonto. Kodwa masivumele iSibhalo simhlube ngalentsasa, kwaye masibone, emva koko uyakukwazi. ISibhalo masi . . .

75 Njengakwimihlangano yokucalula, xa uMoya oyiNgcwele ufika eLizwini Lakhe aze Abize le ndoda athi, "Akunasizathu sokuhlala nalo mfazi ungomnye. Ukwenzele ntoni oko, kwiminyaka elishumi egqithileyo, xa wabaleka nalamfazi walandoda?" Yenza ntoni? Iyamtyhila yena, ihluba uSathana, oyenze indoda yabopheka, okanye umfazi ohlala nendoda yomnye umfazi, okanye izono abazenzileyo, izinto abazenzileyo. Yenza ntoni? Iyamhluba.

76 Oogqirha bathatha izixhobo baze bazame ukufumana okungalunganga. Abanakuyenza. Asinakuyichaza. Kodwa uMoya oyiNgcwele uyaphuma utyhile oko akuko, aze amhlube. Yabona? Yilonto iLizwi likaThixo liyiyo. LisiSikhanyiso esikhanya ebumnyameni.

Kwaye xa uthatha ingxolo egumbini, ivakala ntsokothileyo; ingqokelela yento ethile esebenzayo, kwaye akuyazi ukuba yintoni. Khanyisa isibane, ngokukhawuleza . . . Iikritsi, amaphela, zinga—zingabantwana bobumnyama. Kwaye xa ukukhanya kukhanya, ziyachithakala.

"Bemka kuthi ngokuba babengengabo abethu," itsho iBhayibhile. Yabona? Abanakuphila ekuKhanyeni kwehlabathi. . .Kuba, uThixo weZulu uthumele ukuKhanya Kwakhe kulemihla yokugqibela, ukuze Akhanyisele indlela yabantwana Bakhe, ukuze bangahambi ebumnyameni baze bakhubeke, kodwa koko babenokuhamba ekuKhanyeni bokukhazimla kukaYesu Kristu, onguye izolo, namhlanje, naphakade. Amen!

77 Qwalasela, uSathana akabizwa uthixo waso nesiphi isigaba kodwa esi sigaba. Yayilibhongo lakhe lokuba afane noThixo, kususela kwasekuqalekeni.

Masifunde oko. Sizakuthatha nje ixesha lethu. Masibuyele emva kwi. . .Yabona, ndinayo ibhalwe phantsi, ku-Isaya 14. Masibuyele emva apha ku Isaya 14, nje umzuzu, size sibone oko uThixo akutshiloyo. "Uthixo," oko uSathana wakwenzayo. U-Isaya 14:12 ne 14. Qwalasela.

> *Utheni na ukuwa ezulwini, Owu Khwezi, nyana wesifingo! Ukunqunyulwa uwe emhlabeni,* m*ngquli weentlanga!*
>
> *Wena ke wathi entliziyweni yakho, ndiyakunyukela emazulwini, ndiyinyuse itrone yam ibe ngaphezu kweenkwenkwezi zikaThixo* (oonyana bakaThixo, ngoku): kwaye *ndiyakuhlala entabeni yentlanganiso, kumacala angasentla:*

78 Yayilibhongo likaSathana ukuba anqulwe njengoThixo. Wathatha isahlulo sesithathu, isahlulo sesithathu seenkwenkwezi zeZulu. Waziphakamisela ngaphezu kwezo nkwenkwezi, waza washumayela kuzo, wakhohlisa isahlulo sesithathu sazo. Uyayibona? Kulungile. Qwalasela, elo libhongo lakhe.

Kwaye ngoku selekulungele, kunye nowakhe ochongwe ngobunono, onemfundo umtshakazi ngolwazi lwakhe, yabona, konke ukuqatywa emaqhingeni akhe, kwezakhiwo ezikhulu namahlelo amakhulu, nokuqatywa kokwazi ezakwalizwi, nobuchule nobukrelekrele, nokuba nemfundo, ukuze akhohlise ihlabathi lonke, aze abe ngu "thixo." Yilonto ayenzileyo. Konke kunyukela kumntu kamchasi kristu, osele ethweswe isitshaba "ome endaweni kaThixo," ngothanda ihlabathi, umtshakazi wakhe wobunzululwazi, enxityiswe bonke ubukhazi khazi bobukrelekrele, imfundo yezenkolo. Wenziwe wangonenkolo njengaye, kunye nokungolwakhe utoliko lweLizwi likaThixo njengoko wenzayo ku-Eva, nonyana wakhe uKayin wenzayo.

Ngoku uthi, "Unyana kaSathana?"

79 Ndibonise indawo ibenye eBhayibhileni apho uKayin wakhe wabizwa unyana ka Adam. IBhayibhile ithe wayengu "nyana wongendawo," imbewu yenyoka. Hayi, isigqubuthelo sisusiwe

ngoku, mzalwana. Ipyramid ivuliwe, njengoko isityhilelo sibonisa.

80 Qwalasela into aya kuyenza, iingcinga zakhe. Wacinga ukuba uThixo uhlala kubuhle behlabathi. Wakwenza oko eZulwini. Isono zange saqala emyezweni i-Eden; saqala eZulwini, xa uLusifa, unyana wesifingo, waziphakamisayo ngobuhle, waza wafuna obona buhle ubukumkani kunobo bukaMikayeli. Kwaye wacinga ukuba uThixo uhlala kubuhle.

81 Kwaye qwalasela uKayin. Zange afune dini lagazi. Wehla wanikela ngesiqhamo, okanye—okanye amadlelo obuhle phezu kwesibingelelo sakhe. Onenkolo kakhulu, wenza yonke into, leyo, nje ngokuchanekileyo njengo Abheli wenzayo; wanikela umnikelo, waqubuda phambi koThixo enqula, ethobekile ngayo yonke indlela, kodwa ngaphandle kwesityhilelo seLizwi.

Kwaye iLizwi lalikho, ukusuka ekuqalekeni, icebo likaThixo. Kodwa uThixo watyhila, ngesityhilelo, eyona nto Awayingqinelayo waze wangxininisa ukuba oko kwakulungile. Hayi inkolo, hayi isibingelelo, hayi ukuba ngowecawa, hayi ukwenza umbingelelo, hayi ukuthembeka; kodwa ngesityhilelo seLizwi likaThixo. UThixo etyhila kuye oko ukuba yi . . .

Unina zange athathe i-apile eyathi inyoka yamnika, kodwa waba nokwabelana ngesondo nomntu kaSathana, ekwisimo sesilwanyana; hayi isirhubuluzi, kodwa oyena ulichule, oyena unobuqhetseba kulo lonke idlelo, umfanekiselo womntu, okuphela kwento imbewu yayo yayinokuxutywa. Ngoku inzululwazi izama ukusifumana. Kwaye abasokuze basifumane, ngokuba lonke ithambo laso laguqulwa. Kodwa iBhayibhile idandalazisa ukuba injalo.

82 Qwalasela into ayakuyenza lo mfo ngoku. Lo mfo, “Uyakuhlala etempileni kaThixo,” oku kukuthi, ibandla, “ezibonakalisa njengoThixo.” Ngoku ukuba ufuna ukufunda oko, ngamaTesalonika Esibini 2:3 kunye ne-4, neSityhilelo 13:4, 11 ne-12; apho kuthetha, bobabini abaprofeti, bobabini uYohane noPawulos, ngento ayakuba yiyo kwimihla yokugqibela. Ngoku yifunde, ngokuba ndinayo ibhaliwe apha. Kodwa ndi . . . ukonga ixesha ngoku.

83 Umhla esiwuphilayo ubizwa, eBhayibhileni, “umhla womntu,” umhla womntu. Lona asingomhla kaThixo. UThixo asingothixo walo mhlaba; iBhayibhile ithi Akanguye. NguThixo weZulu. Kodwa lona asingomhla kaThixo.

Lona ngumhla wokukhetha. Ungathanda, ukuphilela unamhlanje, uze ufe; khetha uThixo, uze uphile. Kwaye uThixo liLizwi, kwaye iLizwi liLizwi libonakaliselwe leyure nomhla.

84 Qwalasela, “umhla womntu.” Ukuba ufuna ukubhala phantsi oko, bendizakuyifunda. Kodwa abaseKorinte Bokuqala 5:1-5 . . . AbaseKorinte Bokuqala 4:1-5, ndixoleleni,

AbaseKorinte Bokuqala 4:1 kunye ne 5, uPawulos wayethetha ngokugwetywa ngumntu, kumhla womntu.

85 "Umhla, niwubizela ntoni ukuba ngumhla womntu?" ungatsho. Ngumhla imisebenzi ngolwazi lomntu izukiswayo.

Jonga oko, konke ukudlisela kwamankomanisi, umntu othile ezama ukusa umntu othile enyangeni. UThixo uzama ukusa umntu eZulwini. Yabona? Kodwa jonga indlela abachitha ngayo izigidi nezigidi zezigidi nezigidi zezigidi zezigidi zeedola, kwimizamo yencitho. Xa befika phaya, abazukufumana nto. Yintoni ingxaki nabo?

Andiyikhathalelanga inyanga. Ndifuna ukudlula inyanga ngokukhawuleza ndingabi nakuyibona; ndiqhubeke nje ndinyuka. Ndifuna ukudlula iMilky White Way, ndiqhubeke, ndiqhubeke nje ndihamba. Ewe!

86 Kwaye ihlabathi namhlanje lizinikele elwazini oluze ngoSathana. Kwaye umhla womntu uyazukiswa, hayi ngeLizwi likaThixo, kodwa ngolwazi analo.

Ngoku cinga. Mayizike lonto. Kwaye xa udlala leteyiphu kwakhona, kulendawo apha, yima ithutyana ucinge.

Imisebenzi yakhe iphakanyiswe ngaphezu kweLizwi likaThixo nemisebenzi ebonakalisiweyo; ubulumko bukaSathana, awabunika u-Eva ekuqalekeni. Ngoku phulaphula; ungayiphosi lento. Ubulumko bukaSathana buphakanyiselwe etroneni yokunqula, emntwini, ngaphezu kwelingqinelweyo iLizwi likaThixo leyure. Amabandla ethu abonakalisa ukuba nga—ngamaziko emfundo, izikolo zemfundo, oko kukufunda ngaphezu kweLizwi likaThixo lisazi malunga naLo, bacinga njalo. Kwaye phaya, uGqirha *Nantsi-ka-nantsi*, noMhlohli *Nantsi-ka-nantsi*, noMhlohli omkhulu *Nantsi-ka-nantsi* baphakamise ulwazi lwabo, okubizwa (kusuka kuSathana) inyaniso, ngaphezu kwesingqinelweyo isithembiso sikaThixo, senziwe sacaca phambi kwabo. Kwaye umntu uyawa ngenxa yalo. Yabona?

87 Impumelelo yezobunzululwazi bakhe, ezama ukubonakalisa ukuba iLizwi likaThixo alilunganga. Cinga nje ngalonto. Yena, eyakhe, ukuthi, imfundo yomntu yezakalizwi, icacisa iLizwi likaThixo ebantwini, elenza Lingabi namandla kwakhona, njengoko wakwenza kwisigaba sobuhlelo xa uYesu wabonakala emhlabeni. Wathi uYesu, "Nina bahanahanisi! Nina, ngezithethe zenu," olo lutoliko lwabo, "nilithathile iLizwi likaThixo nalenza Lona lingabi namandla ebantwini." Kwaye benze kwa lonto inye namhlanje. Alinandla.

88 Qwalasela, "Bona," abantu, "bamphakamisele ngaphezu kwako konke okubizwa Thixo." Awatsho na AmaTesalonika Esibini ukuba bayakuyenza? Kwaye igunya lecawa yobuhlelo, abantu bakholelwa ihlelo ngaphezulu kokuba bakholelwa uThixo. Kwaye uThixo liLizwi. Bakholelwa imvumo nkolo

yobuhlelo babo ngaphezu kweLizwi, ntoleyo “emphakamisa ngaphezu kwento yonke ebizwa Thixo.” Kwaye mnye uThixo, kwaye elo liLizwi.

“Konke oko kubizwa Thixo; ke yena njengoThixo uhlala ebandleni likaThixo, ezibonakalisa ukuba unguThixo,” ngokuba ubenze abantu bamnqula. UThixo liLizwi. Kwaye uziphakamisele ngaphezu kwako konke okubizwa Thixo. Kwaye mnye kuphela uThixo, kwaye loo Thixo liLizwi. Yabona? “Nako konke okubizwa Thixo,” kona, uthixo wesi sigaba uziphakamisele ngaphezu kwenyaniso, elingqinelweyo iLizwi likaThixo. Lowo nguYohane oNgcwele 1. Yabona? “Ngaphezu kwako konke okubizwa Thixo, ukuze yena njengoThixo ahlale etempileni kaThixo,” enegunya.

Jonga, kwaye uyadunyiswa ngalonto! Owu, benze abantu, Thixo, babone lo nkohliso! Uyadunyiswa ngalonto, kwaye ekholelwa ngokundilekileyo ngabantu besi sigaba singcolileyo. Ngoku niyabona uthixo kunye nabakhonzi bakhe besi sigaba singcolileyo?

89 Ngoku masiqaphele ibonakaliswa. Uthe ubenzela ilizwe elingcono lokuhlala, ngolwazi lwakhe ngaphandle kwelingenakusilela iLizwi likaThixo. Kodwa ngokuhlangana kwakhe, ngamahlelo, neemvumo nkolo, nobukrelekrele, nobunzululwazi, nanjalo njalo, wenzela umntu ihlabathi elingcono lokuphila kulo, kwaye engahoyi isithembiso sikaThixo, sokuba kuphela kwexesha ihlabathi liza kube likulungela ukuba kuphilwe kulo kungeMillennium. Niyalwazi, uluvo lwam, wenze ihlabathi elingcono lokwenza isono endaweni yokuphila kulo.

90 Qwalasela. Ingaba uyenzile? Usivumele isono. Uvumele ukuselwa kwewhiskey, ukutshaywa komdiza. Kwaye emabandleni, uvumele ukuba umfazi angaba lilungu lecawa, eneenwele ezimfutshane. Ngoku ungama nje umzuzwana.

91 Anganxiba ezimfutshane, aqabe, aze futhi abengoweqela lakhe lenkolo, ntoleyo ichaseneyo neLizwi likaThixo. Uthi yonke lonto ilungile. Yabona ulwazi lwakhe? “Oko kunantoni nokwenza nomfazi?” Nje into ekwanye nokuthatha isiqhamo esingavumelekanga, okanye ingesosiqhamo singavumelekanga, yilonto iyiyo. UThixo uthe mayingenziwa, kodwa úyayenza.

92 Kwaye iyamkholelwa, kwaye iyamthanda ngalonto. Imthiyile uThixo. Izenzo zayo zibonakalisa ukuba iyakwenza. Ithi iyamthanda Yena, kodwa ithanda uSathana. Inqula uthixo wefashoni, uthixo wehlabathi, oothixokazi baseHollywood. Iyamthanda, kodwa ilithiyile iLizwi elinyanisekileyo likaThixo, lona elikukuphela kukaThixo okhoyo.

Iyayivumela emabandleni. “Akukho nto imbi. Abafazi bethu bangenza *le, leya*, okanye *engenye*.” Kodwa eBukhoneni

bukaThixo ophilayo, akavunyelwanga nkqu ukuba aze, ngaphandle kwengunquko.

93 Mbone, unguthixo wobuhle behlabathi, unjalo yena. Ufuna ukukhangeleka mhle. Kwaye unguthixo wobuhle, kususela ekuqalekeni. Anganakho, kwaye ukufezile ngolwazi lwakhe kubunzululwazi nezinto eziphathekayo, ukuzenzela ubuhle, esi sigaba sobuhle. . . esi sigaba sanamhlanje, ngxebe, sokungcola. Senziwe sasihle.

94 Qwalasela. Ifanele iqatshelwe. Ekuqaleni, uSete nabantwana bakhe zange baye kwindlela yobunzululwazi.

Ngoku sizakuthetha ngobunzululwazi okwemizuzu embalwa. Ukuba nditsho oku, hayi ukuthethelela ubuqaba bam; kodwa, ingquba lamaqaba, yonke into ephika iLizwi likaThixo. Yabona? Ngokuqinisekileyo.

Ifanele iqatshelwe. Qaphela. Abantwana bakaSete zange baye ngendlela yobunzululwazi. Babengabelusi abathobekileyo, amafama, nanjalo njalo.

Kodwa abantwana bakaKayin bakwenza. Kutheni? Baphenjelelwa nguyise wabo, umtyholi. UKayin, waphenjelelwa nguyise, umtyholi, kwaye aba baphenjelelwe yila mbewu isihla.

95 Qaphela imbewu kaThixo isihla ngaso sonke isigaba, uze uqaphele apho iya khona namhlanje. AmaKristu, amaKristu enene, awangawophando lwenzululwazi nezinto. Hayi. Nje umzuzu, sizakufika kulanto.

Kodwa uKayin wayenza, emva kwemvelo kayise wabo, umtyholi, ezele lulwazi lwehlabathi, ubuhle, kunye nobunzululwazi, njalo njalo. Abantwana bakaKayin babenobunzululwazi. Babefundile. Babengabadlali bomculo—izixhobo zomculo; owalemihla u-Elvis Presley, enye yezintlobo ezinjengezo ibhodi yesikolo ezivumele zenzeke apha endledlaneni qho ngobusuku bangoMgqibelo. Abakhi besixeko, abafazi abahle benkanuko ekhethekileyo, njengoko umtyholi ebanika iziqabi abafazi, nokunqothulwa kweenelwe zabo, bababafake kwezimfutshane, nezinto ezinje ngeziya. Bona, uyenzela ukukhanuka kwakhe okungcolileyo. Oko kungasicaba nokwana, kodwa andazi enye indlela yokuyitsho.

96 Ngoku, siyazi ukuba ivangeli kaSathana yivangeli yezenzululwazi nenkqubela. Wayishumayela e-Eden; ingengoThixo; uSathana wayenza, inzululwazi yenkqubela. Inzululwazi nenkqubela yivangeli kaSathana. Khangela apho asikhokelele khona namhlanje, ngayo. Yabona?

97 Qwalasela, wayishumayela e-Eden, kubani? Kumtshakazi ka-Adam. Kwaye wawela kulonto. Wamkhohlisa ngokuba abe nombuzo ngelinye leLizwi likaThixo. Masibone awayenokutsho. Wayenokuba wathi, "Akukho kubunzulwazi ukufa, kweli bandla lingcwele." Okanye, "Uyakufundiswa kwaye ube

ngofundileyo, hayi ukukholelwa kwizinto ezingenasihlahla njengokufa. Andikhathali ukuba iLizwi likaThixo liyayitsho; ayinasihlahla."

98 Owu, jonga kuye namhlanje. "UThixo nguThixo olungileyo. Usebandleni Lakhe elingcwele; kutheni, akunakufa." Kodwa uThixo uthe uyakufa, kwaye oko kugqibile. Yambone namhlanje? "Owu, yiba ngowecawa nje. Akunamsebenzi ukuba wenzani, okanye *le, leya*, okanye *enye*. Yiza nje ecaweni ube lilungu elilungileyo. Ukucheba iinwele zakho, bubuvuvu obo. Nokunxiba ezimfutshane, nokufaka iziqabi, nokuya kwimidaniso, nebhiyana encinci kanye emva kwethuba, ayisayi kwenzakalisa, okoko nje ungayibaxi. Ngokuphandle, ndinqwenela ninabantwana beningayithatha, ukuze bafunde ukuba bayayithanda okanye hayi." Nanko apho akhoyo, uthixo wesi sigaba, esi sigaba singcolileyo.

99 "UThixo nguThixo olungileyo." Ndikuvile oko kakhulu de ndigule. UThixo kananjalo unguThixo wobulungisa. Akanguye ogugileyo utatomkhulu ongatyhalelwa macala, nabazukulwana Bakhe bengenaso nesinye isono. UnguThixo wobulungisa nobungcwele. Wakubonisa oko emyezweni wase Eden, ngabantwana Bakhe bokuqala. Unqumla la mgca, womye waMazwi Akhe, ufile. Into ekwanye iyenzeka namhlanje.

100 Kwaye qwalasela, washumayela olwahlobo lobunzululwazi, bentlalo, imfundo, ivangeli yenkqubela ku Eva, kwaye umtshakazi ka-Adam wayikholelwa. Kwaye ukwazile ukuhlohla obizwa ngomtshakazi kaKristu, ibandla lika-Adam weSibini, ngengxoxo ekwanye. Injalo lonto.

101 "Owu, asiyiyo—asiyiyo ekaThixo; uThixo ulunge kakhulu ukuba ayenze. Kutheni, okoko nje usiya ecaweni. 'Ukuba uyakholwa.'" Umtyholi uyakholwa; hayi ukholo lokuzenzisa, kodwa ukholwa ngenene. Akasindiswanga. "'Ukuba uyakholwa.'" Huh!

102 Waxelela umtshakazi wesibini, okanye uMtshakazi ka-Adam weSibini, into ekwanye awayixelela owokuqala. Efana no, "Ngoku, impiliso eNgcwele, akukho nto injalo. Singakungqinisisa oko. Akuzange kubekho meko ingqiniweyo." "Kwaye olu bhaptizo eGameni likaYesu, ngoku aniqondi ukuba ndiligunya lecawa?" utsho. "Sakugqiba oko eNicaea, eRoma," xa yona imimoya emithathu engcolileyo yaphumayo kulo irhamncwa, abaprofeti bobuxoki, nanjalo njalo. "Siyakholwa kukho uThixo ziqu zithathu." Owu, bethu! Oko bubuhedeni obunokubakho. Ungaze uze phambi koThixo kunye nalanto enjeya, uzame ukuma eBukhoneni Bakhe. "Owu, ayenzi namnye umahluko ukuba ubhaptizelwe ezihlokweni zika "Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele.' Yenza mehluko mni?"

103 Yenze omngako umahluko, wade uPawulos wayalela igqubu lamaBhaptizi ukuba aphinde abhaptizelwe eGameni likaYesu

Kristu phambi kokuba uMoya oyiNgcwele ube nokuza kubo. Kwaye kananjalo wenza lampostile adanduluke, kwaye athi, "Ukuba ingelosi iza isuka eZulwini ize ishumayele into engenye, mayiqalekiswe." Ngokuqinisekileyo, yenza umahluko. Owu, bethu!

104 "Akukho nto injalo njengobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele kule mihla. Oko kwakukokwabapostile kuphela. Igqithile. Kwaye into enjalo njengabaprofeti? Ayaziwa nokwaziwa. Imimangaliso? Azinabunzululwazi. UMalaki 4? Oko kwakukokwesinye isigaba. UYohane 14:12? Owu, uYesu eneneni wayengathethi oko. ULuka 17:30? Owu, oko kwakuyintsomi nje. Yabona, i—itolikwe ngokuphosakeleyo; yayingekho sekuqalekeni." Obunjalo ubuvuvu!

Xa uThixo uSomandla esihla esiza phakathi kwethu aze ayibonakalise. Xa Esitsho, ukuba, "UYesu Kristu nguye izolo, namhlanje, naphakade," Uyakubonakalisa oko kunjalo. Andikhathali ngubani otsho ngokuchaseneyo malunga nayo; uThixo uzitolikela iLizwi Lakhe. Wathi Uyakuyenza lento kwimihla yokugqibela. "Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa." Kwaye nako ukuKhanya, kwenzelwe ukubonakaliswa koNyana kaThixo.

105 Kwa ilanga elinye eliphuma empuma likwalinye nelo litshona entshona. Umprofeti wathi, "Kuyakubakho imini engenakubizwa imini okanye ubusuku." Yeluzizi, amafu, ngaphezu kobuso belanga. Kodwa wathi, "Malunga nexesha langokuhlwa kuyakubakho ukuKhanya kwakhona." UNyana okwamnye! Ungu Alfa no Omega. ILanga elinye elaphuma empuma laqikelelwa ukuphuma entshona kwakhona, kwimihla yokugqibela, nje ngaphambi kokuphela kwemini. Andazi baLitolika njani; UThixo utolika iLizwi Lakhe Yena. Uyalibonakalisa Lona. Kungexesha langokuhlwa.

106 Kubi, kodwa umtshakazi ngenene wawela kuko kwakhona. Umtshakazi kaKristu wawela kuko, waza wathatha ulwazi lobukrelekrele bemfundo yomshumayeli endaweni yokukholelwa elinyulu, elingqinelweyo iLizwi likaThixo.

107 Ngoku balungiseleli ngaphaya kwimihlaba naphina apho nikhoyo, ningangavumelani naleNto. Andinivisi kabuhlungu. Nje ndiz-. . .Ndithetha kwiqela lam. Nje ndizama. . .Ukuba ufuna ukungena uhlale, ndingavuya ngokuqinisekileyo ngawe ukuba uLive. Uze emva koko uphulaphule kuLo. Yabona? Kodwa ndibaxelela nje oko ba—oko bakubonileyo, kwaye ndikubonise kubo; uThixo eyibonakalisa, ukuba ilungile. Yabona?

Lena yiyure. Akufuneki mntu ukuba alitoke Lona. Ulwazi lwakho lobuhlabathi alinanto. . .Ungaba ne B.A., D.D., A.D., okanye nantoni enokuba yiyo; ayithethi kwanto. UThixo utolika iLizwi Lakhe, Ngokwakhe. Wathembisa, kwaye nantsi ikhona.

108 Kodwa ngolwazi lwemfundo yezakwalizwi, intshumayelo yobuhlelo, "ibangele ihlabathi lonke lilandele irhamncwa enxeba lalo laphilayo," ukusuka kubuhedeni bobupope. Yabona apho ayakhona umtshakazi? Uyayikholelwa. Ukholelwa ulwazi amxelele lona.

109 Injalo, ngoku qaphela, bobanini abatshakazi abaganiweyo bakholelwa ulwazi lukaSathana ngokuchasene neLizwi likaThixo. Umtshakazi ka Adam wakholelwa ulwazi lukaSathana ngokuchasene neLizwi likaThixo, kwaye umtshakazi kaKristu uye wakholelwa ulwazi lukaSathana, kwesi sigaba sobukrelekrele singcolileyo, ngokuchasene neLizwi likaThixo.

Kwaye qwalasela. U-Eva, enyameni, owalikholelwayo, wanyhala lonke uhlanga loluntu ekufeni. Umtshakazi wasenyameni! U-Adam, umntu wenyama womhlaba; umtshakazi wakhe, phambi kokuba afike kuye, abe ngumfazi, wanyhalela uhlanga lonke loluntu ekufeni. Nokuba ingobunzululwazi okanye hayi, sifa ngokufanayo, ngoba uthe uThixo siyakubanjalo.

Nokuba ukwi Eden engcwele, okanye icawa engcwele, okanye ihlelo elingcwele, okanye nantoni enokuba yiyo, uyakufa mhla wangakholelwa elinye leLizwi likaThixo ukuba yiNyaniso, xa Lingqinelwe laza labonakaliswa kuwe. Lowo ngumhla ozahlula ngawo kuThixo. Hayi nje umgca wonke; iLizwi elinye. "Nabanina oyakongeza libe linye igama, okanye asuse libe Linye," yimini oyakufa ngayo.

110 Qwalasela, umtshakazi ka-Adam wabangela ukufa kwasenyameni kuhlanga lwakhe, uhlanga loluntu.

Kwaye umtshakazi weSibini ka-Adam, umtshakazi oganelwe uKristu, wanyhalela ibandla lonke kubuhlelo bokufa, ukuba lithathe uphawu lwerhamncwa, ngobunzululwazi, bobukrelekrele, bamahlelo amakhulu. "SingamaBhaptizi. SingamaRhabe. SingabakwaMoya," nanjalo njalo. "Sina*le*, kwaye sinezinto ezininzi. Thina, siyaziwa ngurhulumente. Sikwilizwe lonke," nazo zonke ezo zinto. "Kwaye engcono, nosodolophu wesixeko, nanjalo njalo, bahamba kuthi. Nkqu noMongameli uyeza ahlangane athethe nathi, kwaye siya k*oku*, *okuya*, okanye *okunye*." Ilizwe lonke linyhalelwe kwelikamoya, ihlelo lokufa; ibandla lonke. Lifile!

Uthi, "Uphanga umhlaba omkhulu."

111 Wathi uYesu, "Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, xa kwasindiswa imiphefumlo esibhozo, kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu." "Kwimihla kaLote, xa abathathu bakhutshelwa ngaphandle kweSodom, ngala mhla . . ." Ngoku sele kukho iqela elisele lingaphandle, khumbula. "Kodwa, njengoko kwakunjalo ngoko, xa uNyana womntu

eyakubonakaliswa." Khangela lolunjani usuku, khangela apho siphila khona!

112 Ngoku umtshakazi ubangele ihlabathi lonke lamkele ubunkokheli bobunzululwazi benkqubo zemfundo athe uSathana wamnika zona phantsi kwegama lecawa, inkokhelo yemfundo, inkqubo yobunzululwazi. Ndikufanekisela uthixo weli hlabathi.

Xa umtshakazi, njengo Eva, enokona kuzaliswa liLizwi likaThixo esandleni sakhe, wayenokuthatha iLizwi likaThixo. Kodwa wenza ntoni Koko? Endaweni yokulindela ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, wavumela ubunzululwazi bubonakalise kuye ukuba uMoya oyiNgcwele wawungowabafundi kuphela.

Endaweni yokugcina impiliso eNgcwele iqhubeka, xa wayefanele ngoku uvusa abafileyo nokwenza imimangaliso emikhulu; uvumele uSathana, phantsi kobunkokheli bakhe bomntu wenkolo, athathe iLizwi likaThixo aze azame ukuthi Lalilelesinye isigaba. Kwaye umtshakazi wayikholelwa lonto.

113 Xa, iBhayibhile ithe, "Izinto Endizenzayo nani niyakuzenza." UYesu wakutsho oko. "Hambani niye kulo lonke ihlabathi nize nishumayele iVangeli kwizidalwa zonke." Sisezizidalwa. "Le miqondiso iyakulandelelana nabo bonke abo bakholwayo." Waphika lonke isuntswana laLo.

114 Waphika konke okungaphezu kwendalo, kwaye walinanisa Lona ngoqulunqo lwakhe lobukrelekrele beBhayibhile; apho oopristi, noobawo abangcwele, ababizwa njalo, apho oobhishophu, bhishophu abakhulu, apho izikhulu zabefundisi, abaphathi jikelele, nanjalo njalo, bafake olwabo utoliko kuLo. Kwaye uThixo ubashiyile, behleli phaya, befe njengentsimbi yeshumi elinesibini.

Kuphela kwento eshiyekileyo kwimihla yokugqibela ligquba labakwaMoya abancinci kunye negquba lomculo ongxolayo kakhulu njengoko benakho, bebaleka besihla benyuka emgangathweni, bethetha ngeelwimi kwaye bekhwaza, "kwaye benomfaneleko wobuthixo, kodwa bephika iLizwi lawo." Baxelele ukuba babhaptizwe eGameni likaYesu Kristu; bayakukuhleka. Kodwa, oko, uThixo uyaqhubeka esenza nje into ekwanye, ebonakalisa iLizwi Lakhe ukuba linjalo.

115 Qwalasela, umthi athe uSathana wenza u-Eva athabathe kuwo, wawu "ngumthi wokulungileyo nokubi." Wawungumthi oxubileyo.

Ngoku jonga kumhla esiphila kuwo, xa Ebizela ngaphandle uMtshakazi. Unebandla elibanga ukuba lenza kakuhle, ngelixa lingcolile, ngokuphika iLizwi. Umthi oxubileyo. Owu, yithi, "Ba—banelikhulu iqumrhu. Ba—ba—ba—banceda *oku*. Kwaye iRed Cross iyayivumela lonto. Nazo zonke izikolo, ziya . . . Jonga apha!"

Owu, kodwa phika nje libe linye iLizwi, kuphela kwento omawuyenze ukuze ufe; nokuba ukrelekrele kangakanani, bulunge kangakanani. Wathi uYesu, “Igwele elincinci libilisa intlama iphela.” Intwananana yegwele yonokalisa intlama. ILizwi elinye likaThixo, lishenxisiwe, lonakalisa wonke uMfanekiso. Malunga nantoni nengalo yam ilapho unyawo kufanele libekhona? Yabona? Kungathini ukuba indlebe yam yayisezantsi apha apho isandla sam kufanele sibekhona? “Igwele elidala libilisa intlama iphela.”

Uthi, “Wazi njani ukuba Lilungile?” UThixo uliqondakalisile Lona ukuba lilungile. Ulingqinele Lona. Utshilo Ngalo apha eLizwini, ngoko Waliqinisekisa Lona. Yilondlela esazi ngayo ukuba Lilungile okanye hayi.

Phika nje iLizwi libe linye kuko kuphela ekuthabathayo ukuba ukuze ufe. Lizise kwa iziphumo ezinye kwesi sigaba singcolileyo, ukufa kwasemoyeni, njengoko lenzayo kukufa kwasenyameni kulo lonke uhlanga loluntu.

116 Qwalasela indlela uSathana awenza esiya sigaba sobunzululwazi emva phaya, esikaNowa, ukuba soyame kweyaso ingqiqo. Huh! IBhayibhile iyasixelela, kwiMizekeliso, “Singoyami kweyethu ingqiqo.” Kwaye, “Lonke ilizwi lomntu malibe bubuxoki, lize elikaThixo libe yinyaniso.” Kodwa uSathana, ngolwazi lwakhe, ukusuka ekuqaleni emyezweni we-Eden, wabenza abantu boyama kwingqiqo yabo. Kwaye, uyazi, ngokwemisebenzi emikhulu kaMax Factor awabanawo emva phaya, wabenza abafazi babahle kakhulu ze kwabangela unyana womntu . . . oonyana bakaThixo, ngxebe, bawele esonweni baze babatshate. Kulungile. Yena . . . Abafazi babebahle kakhulu, bebukeka kakhulu.

117 Ngoku uthatha umfazi oqhelekileyo esitratweni namhlanje. Abaninzi benu bafundile ibali; zange nayiva, ngoba yona iphambi kwemihla yam. UPearl O’Brien, bangaphi abakhe beva ngaye? Ngokuqinisekileyo. Wayefanele ukuba ngoyena mhle umfazi kwihlabathi lonke. Kutheni, akukho mntwana wasikolo ohamba isikolo namhlanje kuphela kokuphi okuhle ngokuphindiweyo ngaphezu koko wayekuko. Kutheni kunjalo? Ubuhle bababfazi bufanele benzeke kwimihla yokugqibela.

Bacheba iinwele zabo. Bazifaka kwilokhwe zamantombazanana amancinci. Banxiba ezimfutshane, kunye nempahla zokuqubha, nokuba ukubiza njani, kubo. Bafaka iziqabi, nezinyhibheli, nazo zonke ezintlobo zezinto, ukuzenza babe yinto abangeyiyo. Yabona? Kodwa ngolwazi lobunzululwazi bakwazi ukukuzuza oku. Benisazi kukho okuninzi okuchithwa kwiziqabi buso zabafazi, kunokuba zikhona, e-United States, ngokuphindwe amatyeli amabini okanye amathathu kangako, kangangoko kuchithwa ekutyeni

okwenzela ukuphila? Qondakalisa oko, injalo lonto, kwiziqabi buso.

118 Qwalasela, "Oonyana bakaThixo babona iintombi zabantu," hayi iintombi zikaThixo, "iintombi zabantu, ukuba zazintle," kwaye oko kwabangela oonyana bakaThixo bawela kule nkohliso. "Baze bazithabathela uhlobo lwababafazi babatshata," kwaza oko kwazisa isigaba sohenyuzo, njengoko injalo namhlanje; njengoko kwakunjalo eSodom, njengoko iqikelelwe ukubanjalo namhlanje.

Okokuba, xa amadoda nabafazi balo mhla betshintsha abafazi. Ukuba abamthandi lo mfazi, ba—baya ngaphaya eReno, eNevada, baza batshate; baze, okanye baqhawule umtshato, lowa, baza batshate kwakhona kwimizuzu elishumi elinesihlanu. Kwaye abafazi bahle kakhulu okokuba kubenzima ukungabahoyi. Kwaye yintoni? Umtyholi! Yabona uSathana usesebuhleni? Qwalasela.

119 Qwalasela, esa sono zange saxoleleka kubo. Oba buhle, isigaba sobunzululwazi sasisesona sigaba singcolileyo awathi uThixo wasitshabalalisa phezu kobuso bomhlaba; esiya sihle, isigaba sobunzululwazi. Wathi uYesu iyakubanjalo kwakhona nje phambi kokuza koNyana womntu. Injalo lonto? Qwalasela, wathi uYesu, "Njengoko kwabanjalo ngemihla kaNowa, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu," xa bonke bazama ukutshata . . . Qaphela ngoku, "Oonyana bakaThixo batshata ezintle iintombi zabantu," waza uThixo akaze abaxolele ngalonto.

120 Nje ekwanye njengemfundiso kaBhalam, eyabangela abahle, abakrelekrele, abenzululwazi abafazi bamaMowabhi ba . . . ngamehlo abo ahendayo, ukuqaba kwabo nezibhukudi, iziqholo zabo ezihle, ukulukuhla oonyana bakaThixo; ngokuchasene nabafazi babo abasebenze baze batyabuka izandla, bengafakanga ziqabi. Babalukuhlela kwicala labo, baze, "Masitshatane, ngokuba singabantu abanye." Obo yayibubuxoki! Yayi—yayibubuxoki, nempumelelo kamtyholi, yokufumana oonyana bakaThixo ukuba batshata ii—iintombi zabantu.

Yayibubuxoki bukamtyholi, kuba uBhalam, lamprofeti wobuxoki, ukuzama ukuprofeta ngokuchasene noMoses owazama ukuhlanganisa olwahlanga; ukuthi, "Kulungile, sikholelwa uThixo omnye. Sinikela umnikelo omnye. Sinomnikelo omnye. Senza yonke into ngokufanayo."

"Isondelelene kakhulu okokuba ibinokulahlekisa naBanyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." Yabona? [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Phumani kuye, bantu! Aninanto yakwenza naye!

121 Qwalasela, bekungakwazeki ukuba uThixo atolikele iLizwi Lakhe isizukulwana sikaKayin. Hayi. UThixo akasayi

kutolika iLizwi Lakhe kubo. Qwalasela. . . [Indawo engananto eteyiphini—Mhl.]

UThixo, ulwazi lokwenza ihlabathi libe lihle kakhulu kwaye libe nobunzululwazi nesono, kwafanela Alitshabalalise? Ingaba uThixo uyakuyenza lonto, enze ihlabathi libe lihle kakhulu; jonga apha, uThixo esenza iintombi Zakhe zibe ntle kakhulu, aze azinxibise zikhanukise kakhulu, okokuba oonyana Bakhe bazikhanuke baze benze ukrexezo? Intoni? UThixo enze into enjalo?

Eli lize, lihlutyiweyo igquba lamaLawudike, anqula uthixo welihlabathi, ngemigaqo yabo, nemfundo, nobuqili, nobuhle! "Phuma kuye," itshilo iBhayibhile, "ungadlelani ngezono zakhe, ungamkeli izibetho zakhe." UThixo uyakunethisa isichotho sisuka esibhakabhakeni ngenye imini, esikhulu njemakhulu obunzima bembokotho, kwaye ayakumtshabalalisa umtshakazi ngokumxuluba; njengoko iLizwi Lakhe lasoloko lisithi Uyenzile, imithetho Yakhe.

Kulungile, ukuba uThixo wenze into enjeya, watyhila iLizwi Lakhe kubantu abanjeya, Uyakuba u—uyakuba woyisa kwa injongo EyeYakhe. UThixo akasosiyatha. Ungumthombo wabo bonke ubulumko.

Ke uyabona apho lanto isuka khona? Isuka kuSathana, kwaye iseyekaSathana. Kwaye ibandla liyikholelwe.

122 Ngoku niyabona, abafazi, ndizama ngako konke okwam ukubonisa iLizwi likaThixo. IBhayibhile ithe, "Ukuba umfazi ucheba iinwele zakhe, unyelisa intloko yakhe," leyo ingumyeni wakhe. Kwaye umyeni wakhe yintloko, noThixo, ke unyelisa uThixo kunye nomyeni wakhe.

123 Ngoku oku kubonisa ukuba ngubani intloko yalenkqubo yecawa yehlabathi. Oko kubonisa ngubani intloko yayo. NguSathana, kwimo yomntu onamandlakazi, umntu wolwazi, ulwazikazi. Wazi ngaphezu kwabo bonke. Nokuba iLizwi lithini, uno—unotoliko lwakhe kuLo, yabona, utoliko lwesi sigaba singcolileyo.

124 Qwalasela icebo lakhe lokwakha icawa enkulu yobuhlelo, iQumrhu leeCawa zeHlabathi, yabona, ubuhlelo obukhulu kakhulu, ukuze lonke ihlabathi linqule yena, irhamncwa, phantsi kwegama lomanyano lobuKristu. Ungathanda ukuyifunda lonto eBhayibhileni? Isityhilelo 13:6 kunye ne-8. Sisakhiwo esibheka phezulu saseBhabheli.

125 Anikhumbuli indlela laNimrod, lamhanahanisi, awasakhayo esi sakhiwo sibheka phezulu waza wenza zonke ezinye izixeko ezincinci zihlawule irhafu kuso? IBhabble ne Bhabheli yinto enye. Iguqula nje amagama ayo, kwaye, njengoko isiza inyuka. Iyiyo, iRoma ngoku yiBabylon. Kwaye ihlabathi lonke liziswa eBabylon, kwaye liziswa liQumrhu leeCawa zeHlabathi ntoleyo

eyakwenza wonke ubani aqubude kulo. Kwaye uthabatha uphawu lwerhamncwa, ungazi ukuba wenza ntoni. Ngokuba . . .

Kodwa abo bakhethiweyo bayakuliva iLizwi baze baphumele ngaphandle kulo.

126 Okunjani ukuchasana kwehlelo kwiLizwi likaThixo! Zange abenalo nelinye, zange asebenze nakwelinye, kwaye zange asebenze nangelinye. Ndifuna abezembali bandibonise apho namnye umprofeti waphuma ecaweni. Ndibonise apho uThixo wakha wasikelela icawa eyayi . . . emva kokuba izenze umbutho. Laya esingxotyeni laza lafa, nobukrelekrele bobulumko obusuka kumtyholi, ngeenkokheli zabo, balala iLizwi likaThixo njengoko Likhula linyukela kwisimo esigqibeleleyo sikaKristu. Ngoku isentloko. Ichasene kanjani!

Zahlule kula Eva ungakholwayo, nina bantwana bokuKhanya kwangokuhlwa!

127 USathana, uthixo wesi sigaba, ngolwazi lwakhe, esenza abantu batye kumthi wakhe ongumxube wokulungile nokubi. Qwalasela, uSathana, ngolwazi lwakhe, ebangela abantu besi sigaba singcolileyo batye kumthi wokulungileyo nokubi. Uthe wakha impucuko enkulu yobuKristu, ngolwazi lwakhe lokulungileyo nokubi, enkulu impucuko yobuKristu.

128 Kodwa encinci iNtombi kaKristu, iLizwi, uMhlambi, uMtshakazi, akakhathali ngolwazi lwakhe. Umgcina, yena umtyholi, ekhululekile kuye. Yintoni i . . . Ngoku masithethe Ngaye, umzuzu. Ulindela kwiNkosi Yakhe nakwiholide yasemva komtshato yeMillennium Yakhe, injalo, kunye noMyeni Lizwi, njengoko enguMtshakazi Lizwi.

129 Ulwazi nempucuko, nobuKristu benene, abunanto ifanayo. Impucuko, nobuKristu benene, abunayo nenye into enye efanayo.

Impucuko iza ngolwazi. Sonke siyakwazi oko. Kwaye ulwazi lusuka e-Eden, libonakalisiwe, ngoko wakushumayelayo e-Eden. Kwaye ulwazi lubangela ukufa. Ingaba injalo? Yintoni eyabangela ukufa emyezweni i-Eden? Lulwazi. Kodwa ayinakuba lolukaThixo, ngoko ke lolukamtyholi. Whew, ingaba leyo ibe yentle! Ulwazi, inzululwazi, imfundo, sesona sithintelo sikhulu awathi wanaso uThixo. Lusuka kumtyholi.

Ngoko ndizakufumana iileta kulonto, ndiyazi. Ndizilindile.

130 Jonga into incubeko esifake kuyo ngoku. Yabona? Jonga ekwenzileyo. Siphi? Soyame kwezo zinto, ngengqiqo yethu yobunzululwazi bethu.

Uthi, "Malunga naphi noThixo, ucinga ukuba Akakhathali?" Owu, hayi.

UThixo uyakwenza Olwakhe uhlobo lwempucuko emhlabeni, xa Eyakulithabathela kuye. Eli lihlabathi likaSathana; unguthixo ngoku wehlabathi lakhe lolwazi

lobunzululwazi. Kodwa uThixo uyakumisa Olwakhe Yena uhlobo lwempucuko. Ayisokuze ibe yimpucuko efana nale. Ukhumbule nje oko. Ayisokuze ibe luhlobo lwempucuko esinayo namhlanje. Hayi, hayi. Iyakuba ngokweLizwi Lakhe nenjongo Yakhe. Kuba, uthixo wesigaba sangoku esingcolileyo uyakutshatyalaliswa, kunye nobukumkani bakhe naye.

131 Esisigaba salemihla sithanda ulwazi asinakuba nengcono inkokheli kunaleyo sinayo, uSathana, umgqwethi weLizwi likaThixo, njengoko waqalayo ukusuka emyezweni e-Eden, kodwa umntu wenkolo oxhomekeke engqiqweni yakhe.

Njengoko nditshilo ngaphambili, Imizekeliso 3:5, ukuba, "Akufanele soyame kweyethu ingqiqo."

Kufanele babenothixo, kuba bangabantu. Kodwa, ubenza babe koko bakufunayo. Njengoko bengabantu, kwasoloko, bonke abantu . . . Xa sifika apha, safumana amaNdiya nawo enqula izithixo, nelanga, nento yonke. Njengabantu, kufanele babenothixo. Ke esi sigaba sobukrelekrele sikhulu kufanele sibe nothixo, ke iba . . . Uthixo weliphakade ibe lulwazi, ihlelo, ubunzululwazi, "benomfaneleko wobuthixo, kodwa bewaphika aMandla ako."

132 Qwalasela, uthixo wabo ubenza babe yilonto bayifunayo. Bakhanukela inyama, kwaye koko abanika kona. "Bafuna ukunxiba impahla zokuqubha. Bayeke bazinxibe. Yabona? Ukuba bafuna ukwenza *le* okanye *leya*, bayeke bayenze. Akukho ngozi kuyo; bayaya ecaweni. Unina wayengumWisile, mBhaptizi, wakwaMoya, mRhabe. Bayeke."

Lowo nguthixo wesi sigaba; uchubekile, ulumkile, unobunzululwazi. Ayidingi kholo. Akudingeki ukuba ibonakalise nangantoni. Selibonakalisiwe, ngolwazi lwabo. "Kulungile, siyenkulu kakhulu icawa ekhoyo esixekweni," ulwazi lwabo. "Umalusi wethu une D.D., Ph.D." Yabona, abadingi kholo; bathembele elwazini. Bayeke baphile nakanjani, okoko nje besiza kumqula yena ngobuhlelo nangemvumo nkolo yabo. Kukho iliso elikhulu elimnyama phaya, kodwa jonga kulo.

Bahleka iLizwi likaThixo, batsho izinto ezichasene neLizwi; kwaye bayazama, ngolwazi lwabo, ukubonakalisa ngokobunzululwazi ukuba iLizwi alinyanisanga. Owu, esinjani isigaba esiphila kuso! Yabona uthixo wesi sigaba?

133 Qwalasela, kodwa uThixo ulindile de ubugwenxa balama-Amori ale mihla buzaliseke. Ungakhathazeki, Uyakubanaye uMoses Wakhe elungile ngela xesha. Kuyakubakho imfuduko, ngenye imini, isiya kumhlaba wesithembiso. Kuyakubakho uMoses ecaleni, oyakubiza abakhuphe, "ukubuyisela uKholo lwabantwana kooyise." Iyakuza, ngenye yezi mini. Ingaba . . .

Uthi, "Kulungile, jonga indlela esiqhubela ngayo phambili."

Ngokuqinisekileyo, ubugwenxa bama-Amori abukazaliseki okwakalokunje. Iyakuza, ngenye yezi mini. Bayeke bazitshabalalise.

134 Impucuko, ulwazi, zigqwetha iLizwi likaThixo ukuze lifanele incasa yabo. Lonke ihlelo lenza into ekwanye. USathana ngoko ushumayela ivangeli yakhe yolwazi ebandleni lakhe.

135 Kukho amabakala amabini kuphela abantu ekuthethwe ngawo kwiTestamente Entsha. "Abantwana bakaThixo, nabantwana bakamtyholi." Ingaba ubuyazi lonto? Ufuna ukubhala iSibhalo phantsi ngayo? UYohane wokuQala 3:10, ukuba ufuna iSibhalo. Ndifunda yona kanye apha, ndinayo ibhaliwe. Kulungile. Kulungile.

136 Kwabase-Efese 2:2, babizwa, "Abantwana abangathobekileyo." Njengo Eva wayenjalo, engathobeli iLizwi likaThixo. Abantwana bokuthobela, nokungathobeli, abenanto ifanayo.

Ngoko kungathini uMtshakazi kaKristu anxulumane nehlelo, ngelixa omnye ongathobeliyo omnye ethobela? Angathini omnye, abe liLizwi; aze omnye, ilizwi eligqwethiweyo? Lingathini ihenyukazi nomfazi onyulu bahambe kunye ngokuvumelana? Abanakuyenza lonto. Abanabudlelwana konke konke. "Phumani phakathi kwabo!" Yekamtyholi. Liphawu lemrhamncwa. Iya ngqo kulonto ngoku; onke amahlelo. Andikhathali nokuba ngawaphi.

UThixo uyathatha, hayi ihlelo, "abantu ngenxa yeGama Lakhe." Ihlelo alinakuyamkela leNyaniso. Kuyakuthatha ubuqu bomntu onokubona uThixo, ajonge eLizwini Lakhe aze aLikholelwe, aze angabi ngowombutho; kodwa aphilele uThixo, hayi ukwenzela umbutho wakhe, ubukrelekrele bobulumko bobhishophu othile okanye into ethile iyifundisile. Injalo lonto.

137 Abantwana abangathobekileyo, nabantwana abathobelayo, abananto ifanayo. Omnye wabo . . . ungowemini yokuKhanya; omnye, eyobumnyama nethunzi, isigaba esingcolileyo, esi sigaba singcolileyo sethunzi, iindibano zobusuku, imidaniso, kodwa ngabecawa. Ilungile kuthixo wabo. Abananto ibagwebayo malunga nayo; akhonto ibakhathazayo.

"Kutheni, ayindigwebi into yokucheba iinwele," watsho umfazi. "Sukuvisa buhlungu isazela sam." Akasenaso isazela kunenyoka inamahleza. Injalo lonto. Ngokuqinisekileyo akanaso. Akazi yintoni isazela. Sitshiswe kakhulu de akazi ukuba siyintoni. Injalo lonto.

138 Bayajikeleza, phezu kweLizwi likaThixo, bathi, "Kutheni, oko yinto ethile yakudala. Sukunyuka uye phaya; baligqúba nje lengxolo beqhubekeka, nakanjani." Huh! Abazi nto ngoThixo kunoNoqhakankcu ebenokwazi malunga nobusuku baseYiphutha. Injalo lonto. Yinyani.

"Benomfaneleko wobuthixo, kodwa bewaphika aMandla ako; kwabanjalo mka. Kuba ngabanjalo abahamba bengena izindlu ngezindlu, baza bakhokele abafazi abasileyo."

"Owu, sthandwa, wena, ufanele wenza *oku*. Owu, sthandwa, ndicinga lowa wakho mdala umshumayeli ezantsi phaya, ukuba nje wena...Owu, uyakukhangeleka mhle kweyokuqubha," okanye nokuba niyibiza ntoni into. "Wena, ukuba wenza konke *oku, okuya*, n*okunye*. Kutheni, umdiza nje omncinci awuyi kwenzakalisa mntu. Ndingowebandla, kwaye uyalazi ihlelo lethu liyajongeka njengawabanye." Sukulikholelwa ela xoki lidala liqatyiweyo. Uyakuxokisela. Injalo lonto. Ewe, mhlekazi.

139 Ilungile kuthixo wabo. Owu, ucinga ukuba iyamangalisa, kwaye bayamthanda ngalonto.

Bethu, bayakuxambula nawe. Bayakuma nkqo baze bakuphaphazelele malunga nayo. Kutheni, ngokuqinisekileyo, uSathana wama kanye phambi ebusweni bukaYesu Kristu, uLizwi, wazama ukuthi, "Ibhaliwe."

Kwaye nanko apho Yena, iLizwi elingqinelweyo likaThixo. Wathi, "Jikela emva kwaM, Sathana!" Hamba nje uze wenze into ekwanye.

Njengomfo owathi kum ngelinye ixesha, wathi, "Ngoku, ukuba uyakholelwa ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele lulungile, kwaye uyakholelwa unalo Lona," wathi, "ndibethe ngobumfama." Yayingumshumayeli. Wathi, "Ndibethe ngobumfama!" Wathi, "UPawulos wabetha i—indoda ngobumfama ngenye imini."

140 Ndathi, "Mnumzana, ndingathini ukubetha ngobumfama ngelixa sowuyimfama kakade? Ndingathini ukukubulala ngelixa sowufile kakade?" Uh-huh.

Wathi, "Mna, amehlo am ngamashumi amabini-amashumi amabini!"

Ndathi, "Icala lakho lasenyameni; kodwa useyimfana."

"Akunakwenzeka! IBhayibhile ayizitoliki izinto. Sithetha apho iBhayibhile ithethayo, sithule apho Ithuleyo."

141 Ndathi, "Kulungile, xa u-Eliya wayesezantsi e—eDothan, yabona, nako kusiza wonke umkhosi wamaSiriya ubangqinga. Kwaye isicaka sabaleka senyuka, sathi, 'Owu, bawo wam! Sathi, 'Bawo wam,' sathi, 'amaSiriya asigqongile.'"

"U-Eliya wahlikihla amehlo akhe, wavuka wathi, 'Baninzi abangakuthi kunabo bangakubo.'"

Sathi, 'Andiboni bantu.'"

"Wathi, 'Thixo, vula amehlo akhe.' Ngoku, wayeyimfama. Waza wajonga kula mprofeti mdala, naphezu kweentaba; kwakugcwele iiNgelosi, neenqwelo zoMlilo, namahashe oMlilo."

"Waza waphuma phaya, kwaye yathi iBhayibhile, 'Wababetha ngobumfama.' Ubumfama entweni? Kuye. Waphuma, wathi, 'Ingaba nikhangela u-Eliya?'"

'"Ewe, sikhangela yena.'"

"'Wathi, 'Yizani, ndizakunibonisa apho akhoyo.' U-Eliya ebakhokelela ku-Eliya. Iimfama!"

Ndathi, "Uyazi ndizakuthini kuwe? Kanye nje oko iNkosi yakutshoyo kuyihlo, 'jikela emva kwam.'" Uh-huh. Uh-huh.

142 Qwalasela, abantwana abathobelayo, nabangathobeliyo, abananto bafana ngayo. Abangathobekileyo banqula uthixo wabo. "Owu," bathi, "sikholelwa iBhayibhile." Ewe, ngumthi ongumxube. Yabona, bongeze ihlabathi nolwazi kuLo. Umthi kaSathana, uxutyiwe; yabona, wathatha kumthi kaSathana, okulungileyo nokubi. "Owu, sikholelwa iLizwi." Ngokuqinisekileyo, kodwa hayi lonke Lalo. U-Eva wakholelwa iLizwi, naye, kodwa wavumela—wavumela uSathana athathe umthi wakhe aligqwethe Lona kancinci. Yilonto eyiyo.

"Nabani na oyakongeza ilizwi, okanye asuse libe linye iLizwi kuYo." Usenguye izolo, namhlanje, naphakade! Qwalasela. Kulungile.

143 Esi sigaba sesobumnyama, kodwa sesebandla. Uthixo wabo, bayamthanda ngalonto, indlela abavumela benze ngayo. Abanakugwebeka. Akukhonto ibakhathazayo okoko nje bengabebandla.

UBhalam wafundisa ibandla into ekwanye. "Masimanyane; sibanye sonke." Yayiliqhinga lokugqibela. UThixo zange wabaxolela ngokukholelwa ubuxoki obunjalo.

144 Khumbula, yayisisono esingaxolelekiyo, amatyeli amathathu eBhayibhileni, ukuba nawuphi umntu ongeze ilizwi libe linye lotoliko lwabo eLizwini likaThixo emva kokuba Lingqinele iNyaniso.

Emyezweni e-Eden, injalo, emyezweni e-Eden, ilizwi elinye elongeziweyo labangela ukufa.

Xa uBhalam wongeza ilizwi, lokuba, "Siyafana sonke," bona, uThixo zange amxolele uSirayeli ngoko. Ngamnye bonke kubo batshabalala entlango, ngaphandle kwabathathu uThixo owabakhuphayo.

UYesu wathi, "Bona, bonke ngabanye, bafile," oko kukwahlulwa ngoNaphakade. Banyamalele bonke; zange baxolelwe. Sisono esingaxolelekiyo; zange wabaxolela. Owu, bethu!

Yibaleke, bantwana boKukhanya kwangorhatya!

145 Jonga ngoku ngubani umkhokeli wesi salemihla, esinenkolo, isigaba esingcolileyo? Ngumtyholi, ethatha la mthi wokulungileyo nokubi, kwaye ewubeka phandle

phaya, qwalasela, ezisa owakhe omhle umtshakazi webandla kuzwelonke wequmrhu emtshatweni. Leyo yelungileyo. Ibandla lakhe elihle lobunzululwazi, kunye nazo zonke i—i—izidanga ezinokufumaneka; iiPh.D ezisuka kwibandla likaKristu, iiPh.D ezisuka eBhaptizi, Rhabe, kwaMoya, nazo zonke. Ezizisa zonke, kunye nezihonjisiweyo izinxibo neecawa ezinkulu, zonke zisiwa kuzwelonke wequmrhu, "Sibanye." Ayisokuze ixoleleke ngabo. Ihlelo, ukunxiba uphawulo lwehlelo, luphawo lwerhamncwa. Sigqithile kuyo apha; ukuyenza. Yibalekeni, bantwana, yibalekeni! Yabona? Enkulu, entle icawa isiya kunxibo lukazwelonke, ukunxiba uphawo lwakhe!

Ezimfutshane, ngokuqinisekileyo, isinxibo sobuhlabathi, ukunqwenisa, ukuqatywa, abafundi abalunge kakhulu bakamtyholi, ukuba babambise oonyana bakaThixo; ukutshata elungileyo ezelwe ngokupheleleyo inkwenkwe ayikhuphe ayise kwendala ekrwada into enjalo. Injalo lonto. Enjani i . . .

146 Uthe, "Ukucheba iinwele, kunanto yakwenza nani?"

Mzalwana, masime apho nje umzuzu. Ndiva nje umntu othile echasene noko. Kungaba kungaphandle ezingcingweni ndaweni ithile.

Phulaphula. Iinwele emfazini sisabhambathiso sobuNazarete. Iinwele kuSamson yayisisibhambathiso sobuNazarete. Kwaye xa umfazi echeba iinwele zakhe, ngenene u—uphika isibhambathiso sobuNazarete bakhe sokuba nguMtshakazi kuKristu. Ngokuba, phaya, lanto inye, wonakalisa wonke uMfanekiso. Ichanile! Um*Nazarete* nguye, "lowo ungcwaliselwe umsebenzi." Ingaba injalo? USamson wayengcwaliselwe kwisigaba nakumsebenzi, ngoko ke waba neenwele ezinde. Umfazi ongumntwana kuThixo, uyaziyeka iinwele zakhe zikhule, ukubonisa ukuba ungcwaliselwe kulo lonke iLizwi likaThixo.

147 Ukuba uyazicheba, andikhathali udanisa kangakanani, ecula, usekwayaleni, uthetha ngeelwimi, ubaleka esihla enyuka, okanye unazo zonke iintlobo zooncedo ekuhlaleni, ufile. Lowo ngu ITSHO INKOSI, iLizwi likaThixo. AmaKorinte Okuqala 14. Ehe. Uphike isibhambathiso sakhe sobuNazarete waza wasithengisa kuthixo wesisigaba salemihla. Uyayenza lonto. Ngoku, usizi kuwe, nenekazi, okanye mfazi!

148 Ababambisi benene boonyana bakaThixo, njengoko kwakunjalo. Njengoko watshoyo uYesu, "Njengoko kwabanjalo ngemihla kaNowa, ubuhle babafazi, baza oonyana bakaThixo baqalisa ukutshata phakathi kwabo, ke kuyakubanjalo xa uNyana womntu ebuya." Kwaye uthixo wabo ucinga kuhle kakhulu, kubukeka, kuyinzululwazi, ulwazi; ifashoni yeHollywood, enze umfaneleko kwivenkile yakhe, ngokuqinisekileyo, konke oku apha kuncangathi nezinto, uyazi.

149 Kwaye yena, ibandla lakhe, liyayithanda nje! Owu, bethu! "Ndiyakunika uyiqonde, ndingumWisile. NdingumRhabe. Umalusi wethu unomqondo ongcono kunokutsho into enjeya." Akanamqondo owaneleyo ukuba atsho izinto azitshoyo uThixo ngoko. Yabona?

150 Lona, ibandla, liyayinqula nje. Liyayithanda. Nje oko likufunayo! Aliyi kunxulumana nayiphi into, mzalwana, okanye lize nakuyiphi into elenza lenze into eyahlukileyo kuleyo aba balemihla ooJezebhele bayiyo, ngoba oko yimvelo engaphakathi ikulo.

Ungaba yenye njani imvelo... "Ngubani onokucinga ngokongeza umlinganiselo kwisimo sakhe?" Ukuba wawuzalwe ukuba ube ziinyawo ezintlanu ubude, akunakuba ziinyawo ezintandathu. Owu, ehe, "njengomatshini wokutweza" kaBooth-Clibborn.

151 Ngoko phulaphula, ndoda, wena ngquba looRicky! Ukuba wawuzalwe ukuba ube yindoda, ngoko yenza njengedoda. Ezi zixa zijingayo ebusweni bakho, neziphothekileyo ezikhangeleka zinqwenelisa, kutheni, wena sizukulwana sigqwethekileyo seenyoka! Yintoni ingxaki nani, nakanjani?

UThixo wam uyakusigweba esi sizwe ngenye imini ngomlilo. Uyakusintywilisela phantsi kolwandle. Iyure Yakhe yomgwebo isondele. Ihlabathi lonke liyakumka.

152 Ugqwetheko oluyinkolo! Ugqwetheko lwabantu; amadoda awazi nkqu ukwazi sini sini abasiso, nabafazi ngokunjalo. Bama benxibe i-ovarolo zamadoda, okanye ezimfutshane ibhulukhwana, iimpahla ezi...konke ukushukuma wakhe nobume bomzimba wakhe, aze azibize umKristu. Akalilo ne nenekazi, yeka nje umKristu. Ulihenyukazi lestrato elisetyenziswa nguSathana, ephenjelelwa nguSathana, ukuze athumele oonyana bakaThixo esihongweni, ukuzalisa iLizwi the uYesu Kristu liyakwenzeka. Bendingajonganga ukutsho oko, kodwa Uyitshilo, nakanjani. Yabona apho lo moya unobunkolo uvela khona? Umthi oxubileyo.

153 Uthi, "Yintoni engalunganga kunye nezislacks," okanye nantoni abayibiza ngayo, "pedal-phushers?" okanye nokuba yintoni.

IBhayibhile itshilo, ukuba, "Nawuphi umfazi oyakunxiba impahla ezenzelwe indoda, lisikizi emehlweni kaThixo." Lowo ngu ITSHO IBHAYIBHILE.

Nomfazi ocheba iinwele zakhe, wanyelisa intloko yakhe. Kwaye asikuko no...Kuyinto esisono kumfazi ukwenza umthandazo enenwele ezimfutshane, itsho kanjalo iBhayibhile, athandaze esindlangalaleni enentloko engagqubuthelanga. Kwaye eyakhe...

Owu, uthi, "Ndithwala umnqwazi."

154 Mhanahanisi ndini, ubafundisa abafazi into enjeya! Ngelixa, iBhayibhile ithe, "Iinwele zakhe uzinikiwe ukwenzela isigqubuthelo," hayi owenziwe ngumntu umnqwazi. Yilonto iBhayibhile ekutshiloyo. Andinaxanduva; ndinoxanduva nje lokunixelela iNyaniso. Sanukungathembeki, njengoko iBhayibhile itshilo, "Baliphatha iLizwi likaThixo ngenkohliso," u—ukulingisa okanye—okanye ukuhoya imfuno zooxengaxengayo.

155 Ndinegama elingu *ngcolileyo* apha. Ndino "Elvis" ebhalwe phantsi endaweni ka *ngcolileyo*. Konke kumalunga nento enye. Igama *Elvis* lithetha i "ikati" kwaye igama *Ricky* lithetha i "mpuku" Xa usithi "Ricky omncinci," uthetha, "impukwana encinci." Into ombiza ngayo, yilonto ayiyo. Umntwana wakho ubizwa ngoko, liguqule ngokukhawuleza, ngenxa yeVangeli. Sukuthiya umntwana . . .

Zange weva ngegama elinjalo emva eBhayibhileni, okanye nakwesiphi esinye isigaba. Siso isigaba, igama lesi sigaba. Zange kubekho ezigqwethekileyo iimpuku neekati, kuphaya.

156 Zonke ezi . . . ? . . . ezideejay zezigidi zeedola, naba bantwana bephuma apha, abayi kwa ukuya e—esikolweni bengenanto encamathele endlebeni, kunye nonomathotholo omncinci omdala empokothweni, nje, "bhum-di-bhum."

Owu, bayanyuka beze endlini, kwaye senze . . . Bona abafo bazama ukupeyinta indlu yam phezulu phaya. Sathi, "Susani lanto imke apha. Ukuba aninakusebenza ngaphandle kwayo, ngoko wuyekeni umsebenzi. Indenza ndibephakuphaku kakhulu andikwazi nqu nokuma apha. Siyinikezele lendawo kuThixo. Asifuni olwahlobo lobuvuvu bebhurhi-worhi balemihla yokugqibela apha." Ndathi, "Yicime okanye uyeke umsebenzi!"

157 Qwalasela, nakubeni, benenkolo, owu, ngokuqinisekileyo, bayaya ecaweni baze bame esangweni, umamele kwibhuri-wurhi.

158 Kananjalo, qwalasela, uMtshakazi-Lizwi kaKristu uyenyuka, ngokunjalo. Njengoko sibona apho umchasi kristu aya khona, eqale emva phaya kwaye ngoku esiza entloko; uzwelonke wequmrhu liyakuyibeka kwintloko yobucawa. Kwaye iBandla elincinci elizileyo, ngokunjalo, uMtshakazi-Lizwi kaKristu ukuhla ngesigaba, liya kwiNtloko, kuba Yena uzabuyiselwa amanywe kwiQabane lakhe. Okoko, kanye nje ngebandla nento yonke engenye, Ufanele amanywe. Ingqolowa, yonke into engenye, ibuyela emva kwintloko yayo apho yaqala khona; njengoKayin no-Abheli. UMtshakazi-Lizwi enyukela kuMntu weLizwi likaThixo ebonakalisiwe kwesi sigaba singcolileyo esiphila kuso. Uyabona apho inyukela khona?

159 Kwaye uSathana kwamsinya uyakuthatha umtshakazi wakhe wobukrelekrele aze aphakamise le inkulu, leyo

ingumchasi kristu, amanqwanqwa, aze ambeke phezu kwetrone, "lize lonke ihlabathi lilandele emva kwakhe."

Kuze emva koko afike uKristu. Kwaye aba babini abanakubakho kwixesha elinye. Kwaye ubukumkani bakhe buyakuthatyathwa; uyakutshatyalaliswa.

Kwaye uKristu, uLizwi likaThixo . . . Ntoleyo, umfazi uyinxalenye yomzimba wendoda. Abababinanga; banye. Kwaye uMtshakazi, iBandla, iLizwi, "abantu ababizwe bakhutshelwe ngaphandle *apha* na*phaya*, ngenxa yeGama Lakhe," bayakuhlangana eMzimbeni kaYesu Kristu.

Kwaye ubukumkani bomchasi kristu buyakuthatyathwa butshatyalaliswe. Aze uKristu athabathe itrone, ahlale phezu kwetrone kayise Wakhe uDavide, alawule phezu komhlaba iwaka leminyaka; emva koko alinikezele iBandla kuThixo, "lingenabala nasiphako." Ewe!

160 Ngoku qwalasela iinwele zakhe ezinde, isibhambathiso sobuNazarete eLizwini. Ndizakufanekisela uMtshakazi kaKristu ngoku. Sifanekisele umchasi kristu, apho akhoyo, owenkolo nento yonke, ubunzululwazi. Ngoku othobekileyo omncinci uMtshakazi kaKristu ukholelwa nje iLizwi, nokuba Úngubani. Ziziqu. Ndiyathemba kwaye ndiqinisekile baninzi abahleli apha, baninzi abaphulaphuleyo. Kwaye ndiyathemba ukuba mna, naye wonke ubani kuni nonke, niyinxalenye yala Mtshakazi. Ndiyathemba baninzi. Kwaye, iyakuba, bonke abo bathanjiselwe oko bayaku kuba koko, ngoba yimvelo yabo. Bayabona. ILizwi lingaqonda kuphela iLizwi. Alinakuqonda ihlelo okanye ugqwetheko. Lazi ngcono; LiLizwi. Yabona? Alinakuqonda nto . . .

Ingqolowa ayinakubanto yimbi kuphela ingqolowa. Yaqala, iyingqolowa; iyakukhula, iyingqolowa. Kwaye ukhula alinakuba yingqolowa, noko inkcenkceshelwa ngentambiso enye. Yabona? Kodwa ayiyongqolowa. Njengoko ndatshoyo ngenye imini, malunga nomthi onamasebe ahlukileyo kuwo.

161 Iinwele zakhe ezinde, isibhambathiso sobuNazarete, sibonisa ukuba Yena ubhambathise kuThixo. Isivatho Sakhe esihle seLizwi Lakhe lesithembiso sesigaba Aphila kuso, sibhijelwe kuYe, singqinela Yena uMtshakazi ngaYe uYesu, wamaHebhere 13:8, "UYesu Kristu ikwanguye izolo, namhlanje, naphakade." Njengoko, Uyinxalenye yoMyeni Lizwi, unyanisekile kuYe kuyo yonke into.

162 Ngoku jonga. Ukuba umfazi uyaphuma apha kwaye utshatela endodeni, aze aphume athandane nenye indoda abe nento yokwenza nayo, aze abuyela kwindoda yakhe, ifanele imgxothe. Ingaba injalo? Ufanele anyaniseke kuyo, ngoba ubhambathisile kuyo.

Naye uMtshakazi kaKristu ubhambathisile kuKristu; kwaye Yena uliLizwi.

Hayi nqu nokubethela iliso kwelinye icala, umfazi akafanele nkqu ukubethela iliso enye indoda. Ufanele angenzi phawu, nayiphi intshukumo kuyo, kuba ngokupheleleyo ungumtshakazi kumyeni omnye.

163 Asifuni nenye yemithi yenu exubileyo, amahlelo enu. Nyanisekani kuKristu, iLizwi. Uyakulingqinela ukuba Lona linyanisile. Hayi, mhlekazi, hayi nkqu nokushukuma kwayo nayiphina into ebhekiselele ekuthandaneni nayo, hayi ukuzibandakanya kumaqumrhu ayo okanye nantoni engenye, okanye imvumele imfake ezingalweni zakhe okanye kulondolozo lwakhe, okanye—okanye athethe kuwe *ngale* ndlela, *ngala* ndlela.

Phulaphula kuphela kwiZwi elinye. "Ezam izimvu ziyalazi iZwi Lam. Ongaziwayo ngekhe zi. . . " Yintoni iZwi Lakhe? Lonke izwi lomntu lilizwi lakhe umntu. Kwaye le yiLonto, iBhayibhile, hayi negama elinye ekufanele longezwe kuYo okanye lisuswe kuYo. Hlala nje nela Zwi. "Ongaziwayo azinakumlandela," ihlelo.

164 Njengoko, Yena uyinxalenye yoMyeni, enyanisekile kuYe kuyo yonke into, elinde uMtshato. Ukuhlanganiswa, hayi kuzwelonke wequmrhu; kodwa esibhakabhakeni, kwiSidlo soMtshato. Unikiwe. . . Oku kokwebandla lethu. I. . . Ukunikiwe, kwaye kutyhiliwe kuYe, iimfihlelo zamaTywina aSixhenxe eBhayibhile. Yabona? Uyabona ubuyatha bomkhohlisi, kusondele kakhulu eNyanisweni, kude kuphantse kulahlekise naBanyuliweyo. Uyayibona. Yena . . .

165 Uyayibona imimoya emibini echaseneyo isebenza kwesi sigaba singcolileyo? Ingaba uyayibona? Ngamnye unenkolo kakhulu, uKayin no-Abheli, imimoya kwakhona isiya kwiintloko zayo, isekwanye njengoko yaqalayo. Omnye, unqula ngobuhle, nangolwazi, nangayo imfundo, nangobunzululwazi, nezithethe. Uze Omnye, ngokholo lwesityhilelo seLizwi likaThixo. Yomibini imile kanye kwesi sakhiwo ngalentsasa. Injalo lonto.

166 Isityhilelo, okanye ukholo, eLizwini Lakhe, akabangi lwazi; owenene, onyanisekileyo umKristu.

Bathi, "Ingaba unayo i—unesidanga sobugqirha?"

Akenzi bango. "Ndi—ndikholelwa iLizwi Lakhe." Yabona? Akenzi nawaphi amabango. Akabangi ukuba ufundile. Akanguye nowaluphi ihlelo, nawuphi umbutho, naliphi iqela. YekaKristu. NguMfazi Wakhe; hayi umfazi wecawa.

Ngumhenyuzi. IBhayibhile ithe wayeli "henyu," kwaye, "UNINA WAMAHENYUKAZI," kwaye bonke bayahlangana benza ihenyu elinye. Kwaye olwahlobo lomfazi ngumfazi onganyanisekanga kuMyeni wakhe; kwaye ebanga uKristu njengomyeni wakhe, kwaye engowehlelo. Obunjalo ubuvuvu! SingabakaKristu.

167 Kodwa, ekuthobekeni, lo mncinci unokholo uMfazi, ophila ngokholo, uMtshakazi; umntu *apha, phaya*, apha, kude ndaweni ithile engenye, elinye ibandla, elinye ihlelo, nokuba yintoni, kwenye engeyiyo . . . Ukholelwa uLizwi likaThixo, ethobekile, elinde ngothando, isithembiso sesigaba ukuba siqinisekiswe. Ukhangele kuso. Uyinxalenye yela Lizwi, kwaye Ubugadile ubomi Bakhe ukuba buveze ela Lizwi.

Bazalwana, aniyiboni lonto? Ndiyathemba ayigqithanga ngaphaya kwenu.

Umzimba ulindele oko (okuliLizwi), ulindele uBomi (obunguMoya) ukuba liqinisekise okanye Lilenze liphile. Yilonto alinde yona Yena. Akukho bomi bumbi buyakusebenza kuYe. Akanakuza ebomini ngenye indlela. Noko, Uyayiva phandle phaya, kwaye Uyazi ukuba izakwenzeka; ngoko apha iyenzeka, aze Avuke. Uthe uThixo, "Makubekho," kwaye Wavela njengowokuqala wavelayo.

168 "Bantwana abangathobekileyo" ithetha ukuthobela . . . *Ukungathobeli* kuthetha "ukuvukela." Ndiyikhangele lonto kwisichazi magama, ukuqiniseka. Uvukelo, ukuvukelana (nantoni?) elityhiliwe iLizwi likaThixo. NjengoKayin watyhilayo . . . wavukelana nesityhilelo sika-Abhel esityhiliweyo, singqinelwe nguThixo ukuba sasilungile. Waza uKayin wavukelana naso, wambulala umninawa wakhe.

Abafarisi, nolwazi lwabo lobuhlelo lokuba laliyintoni iLizwi likaThixo, indoda echongiweyo, bavukelana nelingqinelweyo iLizwi likaThixo elibonakalisiweyo lomhla, uYesu Kristu, yaza yambulala Yena. Injalo lonto?

Yilonto "abantwana abangathobeliyo" bayiyo, abavukeli bechasene neLizwi likaThixo.

Uyabona ngoku apho bakhoyo? "Owu, imihla yemimgaliso yedlula. UYesu Kristu akayinto inye okwangoku. Akukho nto injalo njengobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Yonke lanto bubuvuvu!" Yabona, ukuvukela! Akudingeki batsho into ezimbini; yitsho nje ibenye, kwanele. Oko kukuvukela, kanye apho. Abanakuthi akunamehlo, akunandlebe; kufanele uthathe umzimba wonke, iLizwi lonke. Yabona?

UMoya oyiNgcwele uyabiza, "Phumani kuye, ningabi ngamadlelana nemigaqo yakhe yobuhlelo," njengoko ehleka kwaye enyemba iLizwi likaThixo lwalo mhla.

"Kuba uThixo akangowokuhlekisa," khumbula nje. Uyakuyifumana. Ungakhathazeki. Uyakuyifumana. IBhayibhile, kwabase-Efese 4:30, ukuba ufuna ukuyibhala phantsi lonto, kwabase-Efese 4:30, ithe. "UThixo asingowokuhlekisa. Nantoni umntu ayihlwayelayo, uyakuvuna yona." Abanakho ukuhlekisa benze intlekisa, baze batsho ezi zinto, basinde. "Njengesonka emanzini, siyakubuyela."

169 Ngumtshakazi kamtyholi, ebhijelwe kubunkolo bakhe, bokuthanda isono nolwazi kwesi sigaba singcolileyo, ukuba sikukhohlise. Owu, bethu! Konke ukuqhogana okanye ihlelo loomoya abalukuhlayo, ngolwazi lobunzululwazi nempucuko yalemihla! Ebanga . . .

Sizakuvala nje kwimizuzu embalwa. Ndizakufanela ndime, ngoba andikwazi kuyigqiba yonke, yabona.

Ebanga ukuba wakha ilizwe elikhulu lokuba uphile kulo. Ubanga, ukuba, kwimpucuko yakhe, wakhe iicawa ezintle, iikholeji, izikolo, izibhedlela, amathala eencwadi, noncedo lomzuzwana ukwenzela abantu, ngaphandle kweLizwi likaThixo. Uyenzile. Ubonakalisile ukuba angayenza. Kwaye abantu bawele kuyo; ewe, mhlekazi; izikolo, amahlelo, inkcubeko, abantu abanxibe kakuhle, abantu abondlekileyo.

Ndikhetha ukuma kumgca wesonka, ndize ndilunge kuThixo; kunokuba neqhotsiweyo inkuku amaxesha amthathu ngosuku, ndibe ndingowehenyukazi njengalanto.

170 Khumbula, iyure isondele xa uphawu luyakuza. Kuyakufanele ube kulo okanye ngaphadle kulo. Liyakuza njengesela ebusuku. Liyakunqakula kanye phaya, kwaye uphaya. Akuyi kubakho kuqhwesha uphume kuyo ngoko; sowulithathile. Phuma!

INgelosi yehla isuka eZulwini, inobuso obukhazimlayo, yaza yadanduluka ebantwini. Yawushukumisa umhlaba. "Phumani kuyo iBhabheli, kuba iwile. Musani ukuba ngamadlelani ngezibetho zayo, bantu Bam!" Phumani kuyo. Phumani! Asisandula kuyifunda eLizwini, ngethuba eligqithileyo? I*ngelosi* ngu"mthunywa," yabona, yehlile. Qwalasela uMoya oyiNgcwele, "Phumani kuyo, ukuze ningabi ngamadlelane."

171 Ngoku wakhe zonke ezi zinto. Yakhe iicawa ezinkulu. Yakhe ikholeji, izikolo, yathatha abantu yabafundisela kwe—kwengcono, ebizwa, impucuko. Kwaye babafundisile ngempucuko yale mihla ebazise emhadini wokufa, ngolwazi, yabasusa kuThixo nakwiLizwi Lakhe.

Aniyiboni yonke le nkqubo? Niyakubona oko, bandla? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngaphandle emoyeni, ukuba niyayibona kwiicawa zenu phandle phaya, yithini, "amen," inxalenye yabo iyakukwazi apho nime khona. Yabona?

Wayenza lonto umfazi. Yena . . . Nguthixo welomhlaba, kwaye wakhe iikholeji. Wakhe idyunivesithi. Wakhe izibhedlela. Wakhe amathala eencwadi. Wakhe zonke ezi zinto ukwenzela ukunceda umntu okomzuzwana, nje okwaneleyo ukumkhohlisa, ukususa kwelaLizwi. Kwaye ibaqhubele phi? Icawa yonke yehlabathi inyhalelwe ekufeni, ngoba uThixo utshilo ukuba Uyakulitshisa ihenyukazi, nabantwana balo, ngomlilo ongacimiyo.

Phumani kulo, bantu! Sanukubanjiswa phaya. Phuma kulanto ngokukhawuleza onokuba nakho!

Ngolwazi lwakhe lobunzululwazi, ubenakho ukukukwenza oku, ngoku qwalasela, ngaphandle kweLizwi likaThixo.

172 UThixo zange asimisele ukuphumela ngaphandle sibe nezikolo. Zange. Zange asixelele ukuba sakhe izibhedlela. Zilungile. Zange asixelele ukuba sakhe amathala eencwadi. Hayi, mhlekazi. Zange.

Wathi, "Shumayelani iVangeli." Kwaye, iVangeli, ibonakalisa, idandalazisa amandla kaMoya oyiNgcwele.

Wathi uPawulos, "IVangeli yeza kuthi, hayi ngelizwi kuphela, kodwa ngokubonakaliswa nangokundandalaziswa kukaMoya oyiNgcwele." UPawulos wathi, "Andizange ndize kuni ngamazwi amakhulu obulumko bogqirha othile, kodwa ndeza kuni ngamandla nokubonakaliswa koMoya oyiNgcwele; ukuze ukholo lwenu lungabi sebulumkweni okanye kulwazi lwabantu beli hlabathi, kodwa libe kumandla ovuko lukaYesu Kristu; ngokuba Uyaphila, okwanguye izolo, namhlanje, naphakade." Sincede Thixo ukuba sikholwe into ekwanye, kwaye uThixo ungqinele into ekwanye njengoko Ebesenza.

173 Uyakugcina ekubeni ningaboni isityhilelo esiyinyaniso nasekukholelweni iLizwi likaThixo elityhiliweyo langqinelwa namhlanje, ngezikolo zakhe, amathala eencwadi, okufundwayo, izibhedlela, nanjalo njalo. Yabona? Uyanigcina nisuke kuyo. Ngoku uyatolika, njengoko wenzayo kuFaro, ezama ukunigcina ningayiboni intsingiselo yeLizwi elingqinelweyo lesithembiso sesigaba Sakhe ekuKhanyeni kwangokuhlwa, elingqinelweyo kwaye libonakalisiwe. Uzamile, ngolwazi lwakhe, nezikolo, nabantu abangcono abafundisiweyo, nezithethe, nanjalo njalo, ukunigcinela kude ekuboneni Oko.

Nantonina, ukuze ungabisajonga Oko ubone ukuba nguYesu Kristu! Wazi njani ukuba nguYesu Kristu? Yena uliLizwi, kwaye Yena uliLizwi lesi sigaba. Kwaye esi sigaba, utshilo ukuba oko kuyakwenzeka kwesi sigaba, kwaye naku isenzeka. Yabona? Yabona? Uzama ngokungcono kwakhe ekugcineni ukuba ungakuboni Oko.

Uyakujikela nabuphi ubumdaka buye kuLo ngako anakho. Yabona? UyakuLibiza "abaqengqeleki abangcwele" nayo yonke enye into. Uyakubiza uYesu "Bhelezabhule." "Kwaye babize uMphathi wendlu Bhelezabhule, kubekelaphi indlela abayakubiza abafundi bakhe?" Yabona?

174 Yabona, uzama ukukugcina ungayiboni eyona ntsingiselo yeLizwi. Hayi uku. . . Yabona, uyalitoka Lona, esithi Lithetha *oku*.

Wathi uThixo, "Ndithembisile kwimihla yokugqibela Ndiyakunithumelela uMalaki 4." Ayidingi kutolikwa; Wayenza.

Wathi, “Kwaye njengoko kwakunjalo kwimihla kaLote, ihlabathi liyakuba kwimeko yaseSodom; kwaye ngelo xesha, ndiyakutyhila uNyana womntu ngayo, ngokuqinisekileyo.” Sibe nazo zonke iintlobo zokulinganisa nayo yonke engenye into, yayo, kodwa sinayo Leyo yenene, kananjalo. Yabona? Wathi Uyakuyenza.

Wathi umchasi kristu uyakuvuka kwaye aphantse akhohlise nabaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka. Kodwa wathi, “Bayeke. Bayeke baqhubeke. Ubuyatha babo buyakubonakala.” Kutheni? Imvavanyo Lizwi iyakubonakalisa oko. Yabona?

Xa ifika kweliya Lizwi, “Okuya bekungasemva *ngale* ndlela, nga*leya*? Owu, andikholelwa kwimbewu yenyoka. Andikholelwa ku*le*, *leya*, kunye *nenye*.” Ayizange yatyhilwa, yabona, hayi, zange. Owu, mzalwana, khangela nje apho . . .

Sizakufanele sivale, ngokuba yintsimbi yeshumi elinesibini.

175 Qwalasela, ezama ukunigcina ningayiboni intsingiselo yeLizwi lesi sigaba, lokuKhanya kwangokuhlwa litolikiwe. Li . . . Lithetha ntoni? Lixesha lemfuduko likufuphi, uThixo uyeza kulanda Yena, njengokuqinisekileyo njengehlabathi. Yabona?

176 Ngoku ndifuna ukunibuza umbuzo. Ngelixa, iyintsimbi yeshumi elinesibini ngoku, imizuzu emihlanu egqithileyo; kwaye siyakuqhubeka, ngobubusuku. Ningaba niyambona uthixo wesi sigaba? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niyayikholelwa? [“Amen.”] Uyayibona ukuba injani, icawa, ubukrelekrele, ubunzululwazi?

Ihlabathi lonke likulonto, yabona, ihlelo. Kwaye, uthi, “NdingumKristu.” “Leliphi ihlelo okulo?” Kulungile, ukuba ndingowehlelo, andikholwa ukuba ndiyakuba ngumKristu. Ngoku, elo ligama elikhulu, kodwa injalo lonto.

Ndisandula ukugqiba ukuthi ulwazi nobunzululwazi, nobuKristu, azinabudlelwana konke konke. Enye yekamtyholi, ize enye ibe yekaThixo. Nantoni na ephika iLizwi likaThixo, hlalela kude kuyo. Yabona? Hayi, mhlekazi. IBhayibhile iyibiza, eyemihla yokugqibela, ukuba amaKristu aphumela ngaphandle kwelahenyukazi, lowo ngumthi wokulungileyo nokubi.

177 Ngokuqinisekileyo, unelungileyo. Ingaba kukho nawuphi umntu ongathetha kakubi ngesibhedlela? Hayi, mhlekazi. Ithala leencwadi? Hayi, mhlekazi. Imfundo? Hayi, mhlekazi. Kodwa, yabona, babanika oko ngaphandle kweLizwi. Yabona eyinkohlisa ngayo? Babaninka icawa yokuya kuyo, unqulo kunqulo, “uthixo ehleli phezu kwetrone.” IBhayibhile sele yakuchaza oko.

178 Ngoku ungomnye yaloo mizimba. Kukho kuphela emibini yayo emhlabeni ngoku, kwasoloko kunjalo, kwaye kuyakuba njalo de uYesu abuye, kwaye omnye wayo uyakutshatyalaliswa.

Ngoku ungomnye waloo mizimba. Omnye wayo, uwujoyinile; omnye, uzalelwa kuWo. Yabona?

Omnye wayo, uyinxalenye yawo ngokuba uzalelwe kuWo. Kufanele ube yinxalenye yaWo. Ndingaphika ukuba ndinengalo? Akukho ngaphezulu kunokuphika nalinye iLizwi likaThixo, ukuba ndiyinxalenye kaThixo. Ndiyinxalenye kaWilliam Branham; ndingamalungu, kwaye lonke ilungu lilungu lam. Kwaye lonke iLizwi likaThixo lifanele lilungele umoya wam, lilungele umphefumlo wam, lilungele intlalo yam, Lifanele lilungele iimbono zam. Ukuba iimbono zam zinxamnye kuLo, ngoko uMoya kaThixo awuhlali kum. Injalo lonto. Akunakho ukuphika neLizwi elinye laLo.

179 Ungomnye womnye umzimba. Ufanele ubenguye, ifanele nje ibenjalo. Ingahle ibe nguMzimba kaThixo, lowo ungokweLizwi; okanye umzimba kaSathana, ngokwecawa. Kwaye ihlabathi lonke kuyakufanela libe lele cawa ethile; linqula uthixo othile. Kufanele unqule mhlawumbi uthixo wolwazi, uxhomekeke koko ukuve ngolwazi, uxhomekeka ku*le,* okanye *leya,* okanye *enye*; okanye uxhomekeka kwiLizwi likaThixo, ngokholo, uqaphele Yena alingqinele Lona alenze Linyaniseke.

> IBandla lenene likaThixo liqaphele ukuza kwelasuku lovuyo lweMillennium,
> Xa esikelelweyo iNkosi yethu iyakuza ixhwile uMtshakazi Wakhe olindileyo amke;
> Owu, intliziyo yam izaliswe luvuyo njengoko ndisebenza, ndiqaphele kwaye ndithandaza,
> Kuba iNkosi yethu ibuyela emhlabeni kwakhona.
>
> Owu, iNkosi yethu ibuyela emhlabeni kwakhona,
> USathana uyakukhonxwa iwaka leminyaka, asisayi kuba namhendi ngoko,
> Emva kokuba uYesu eyakubuyele emhlabeni kwakhona.

180 Owu, bantu bale United States, apho lo Myalezo uyayo ngoku, balekani kangangoko ninakho kulo olulwazi, isigaba sobunzululwazi esiphila kuso. Balekelani eLizwini likaThixo!

Nina, mna, akukho namnye unakho—unakho, ukulazi Lona. Akukho namnye unokulibonakalisa Lona. UThixo uyazibonakalisela. Akukho namnye unelungelo lokulitolika Lona; mna, akukho namnye umntu unelungelo. UThixo Uzitolikela Yena ngoKwakhe. Wenze isithembiso. Uthe Uyakukwenza oku ngemihla yokugqibela.

Kwaye ngemihla yokugqibela uthixo wesi sigaba singcolileyo uyakumfamekisa amehlo abantu, ngobukrelekrele bolwazi, kumthi oxubileyo wokulungileyo nokubi, usabanika abantu. Kwaye naku apha kusiza, la nto inyuka, elaa hlelo

lisuka kude kwiZigaba zobuMnyama, kwaye phambi kweZigaba zobuMnyama, konke kunyuka kusiya kwindoda enamandla kakhulu, uSathana, owathi, “Ndiyakuzinyusela ngaphezu koonyana bakaThixo, kwaye bayakumamela kum.” “Kwaye yena njengoThixo uyakuhlala etempileni kaThixo, kwaye oonyana bakaThixo bayakuwela kulonto.”

181 Ngokuba kutheni, unyana kaThixo, uthi, “Kulungile, umfazi wam, akayiyo; uyelungileyo . . . ” Qhubeka, qhubeka nje. Yabona?

Uthi, “Kulungile, Wathi, ‘oonyana bakaThixo’” Ewe, mhlekazi.

Umntu, nokuba ngubani, wenziwa ngokomfanekiso kaThixo, ukwenzela uzuko lukaThixo. Kwaye umfazi uyimveliso ephindiweyo yendoda, hayi ekaThixo. Injalo. “Xa oonyana bakaThixo babona iintombi zabantu ukuba zintle, bazithabathela abafazi.”

“Kwaye njengokuba kwabanjalo ngemihla kaNowa, kuyakubanjalo ekubuyeni koNyana womntu.”

Ngoku jonga, ukuba ufuna ukwazi ngowuphi umgangatho ibandla elikuwo, qwalasela umgangatho abafazi abakuwo, yabona, kuba balibalindla. Qwalasela into abayenzayo, yabona, nakwesi sigaba sohenyuzo.

182 Jonga, zange kubekho esona sibi kakhulu, esona sikhohlakeleyo, siphantsi kakhulu, isixeko sobuhenyu ehlabathini, kuneNazarete, kwaye khona phaya uThixo wakhetha intombi. “Ikhona na into elungileyo enokuphuma eNazarete?”

Kwaye kwesi sigaba singcolileyo, apho uthixo wesi sigaba ewamfamekisile amehlo abantu, ngemigaqo yabo namahlelo; kanye kwesa sigaba, uThixo ukhetha abantu ngenxa yeGama Lakhe.

> Nangona apha singakhathalelwanga kwaye sicekisiwe, ngenye imini iNkosi iyakuzisa
> Abayo abakhethiweyo ngaphakathi esangweni, kwaye oko kubalulekile ngako konke.
> Emva koko siyakucula sidume, singqungqe,
> IMvana iyakusula iinyembezi zethu;
> Siyakuba nemnandi iveki yokubuyela ekhaya,
> Amawaka alishumi okuqala eminyaka. (Injalo lonto.)
>
> Abantu abangummangaliso beGama Lakhe kwaye babizwa uMtshakazi Wakhe. (Ingaba injalo?)

> Nangona singakhathalelwanga kwaye sicekisiwe, ngenye imini iNkosi iyakuzisa
> Abayo abakhethiweyo ngaphakathi esangweni, (kwimfunduko) kwaye oko kubaluleke ngako konke kum.

183 Ndiba yindoda endala. Kwaye imihla yam iyaqalisa ukunyamalala; kwaye amehlo am ayaqalisa ukuba mfiliba; kwaye nesibanana sam esincinci sobomi siyaqalisa ukukhanya kancinci. Andiboyiki ubumnyama. Ngoba ndifuna ukutsho oku, njengoPawulos, "Ndiyamazi Yena kumandla Akhe ovuko." Akukhathaliseki nokuba bandingcwabela phi, ukuba nditshone elwandle, okanye nditshe emalangatyeni, okanye ndityiwe yingonyama, Uyakulibiza igama lam, kwaye ndiyakuthetha. Amen!

Masithandaze.

184 Ukuba kukhona ngaphakathi apha, okanye ngaphandle ezingcingweni zalo Myalezo ngokunqumleze isizwe, kumabandla enu amancinci namaqela namaholo, naphina apho nihleli khona, ukuba kukho othile, owu, mandikucenge; mandikubongoze, njengomlungiseleli weVangeli; mandikubongoze, eGameni likaYesu Kristu; baleka umsindo wesi sigaba sikhohlakeleyo! Sukukhonza uthixo wesi sigaba singcolileyo.

Owu, ndiyazi uthi, "Ilungile. Balungile." Ngokuchanekileyo, umthi ongumxube. Akunakudibanisa ulwazi neLizwi likaThixo.

LiLizwi ekufanele likholelwe ngokholo, hayi ngolwazi. Akuliqondi Lona; uyalamkela Lona. Uthi Lilungile, emva koko uphile ngaLo. Kuko konke Akucela ukuba ukwenze.

Ukuba kukho nawuphi ukhoyo apha kwiqela lethu, asinakwenza ubizo lwesiguqo ukuze sininyuse sinizise apha, ngokuba akukho ndawo; okanye ngaphandle phaya emoyeni, ngaphaya kwiingcingo zemfonomfono, ukuba kukho nawuphi ongomnye ngaphandle phaya ongamaziyo Yena. Musa . . .

185 Owu, bafazi, ndinigxolisile ngale ntsasa, hayi mna, ndicaphule kuphela iLizwi. Inwele ezimfutshane, ukunxiba zona ezindala impahla, nizinxibisa ngokukhanukisa ngenene ukujongeka, aniqondi ukuba umoya o . . . Ungaba ngococekileyo, dade, sthandwa, xa kusiziwa emzimbeni wakho, kodwa emphefumlweni wakho akuboni yintoni ekufumeneyo?

Ingaba uThixo angenza intombi Yakhe ijongeke ngokukhanukisayo ukukhohlisa unyana Wakhe, ukuba amkhanuke, ukubenza bobabini baphendule ngenxa yokukrexeza? Ingaba angayenza, dade? Zibuze lo mbuzo. Hayi, hayi ngamashumi ezigidi iimayile. Sukuyibeka lonto kuThixo.

186 Mzalwana, ingaba uthixo ukunike umoya welihlabathi de ungabi nokubona ukuba oko akulunganga? Ingaba

uwamfamekisile amehlo akho, kwizithethe zecawa, ihlelo, imvumo nkolo, nanjalo njalo, ukuba ungaboni ukuba uThixo ungqinela iLizwi Lakhe kwaye Elenze libe njalo? Ingaba umsebenzi wakho, ingaba umphathi wakho, ingaba umfazi wakho, ingaba abantwana bakho, ingaba icawa yakho, okanye nantoni na, ikwahlulile eLizwini likaThixo, lona elo likukuphela komthombo woBomi? Yibaleke, mzalwana wam! Ndiyakuthanda, ngothando lobuthixo. Andihloniphanga nomnye wabazalwana bam ngaphezu kwakho, konke konke. Ukuba ndikwenzile, ndiyakubonisa intlonipho yomntu. Andizitsho ezi zinto ukukucaphukisa. Ndiyabonisa, nditsho ezi zinto ngokuba ziseLizwini likaThixo. Kwaye njengesicaka sikaThixo, kunye nothando lukaThixo entliziyweni yam, ndinixelela ezo zinto ukuze nibone nize niqonde. Mhlawumbi beningenakukuwazi ukuba bendinganixelelanga. Ingaba niyakuyibaleka namhlanje?

Ngoku, naphina ukunqumla umhlaba, masithobise iintloko zethu.

187 Thixo othandekayo, phambi kwam kulele iitshefu. Abantu bayagula; ndibeka izandla zam phezu kwazo, ukuba Ubaphilise.

188 Kwaye ndiyathemba, Nkosi, ngobubusuku, ukuba kuyakubakho inkonzo enkulu, yokuba Amandla kaThixo ayakuba lapha, imiqondiso emikhulu nezimanga. Njengoko sivile iziphumo kule mihlangano mininzana yokugqibela, okunjani ukumangalisa, ukubona okwenzekileyo! Ndiyathandaza, Thixo othandekayo, okokuba Uyakusinika isahlulo sesibini ngobubusuku. Ndithandaza ngentliziyo enyanisekileyo, Nkosi, ngokuba luthando lwam kuWe neLizwi Lakho, kunye nabo bantu. Siphe oko, Thixo othandekayo.

189 Kwaye ukuba ngaphandle ebaleni, okanye nkqu ngaphakathi apha ngoku, ukuba kukho othile ogulayo noxhwalekileyo, kwaye efanele amke ngobubusuku, engayi kubalapha, okanye ngaphadle phaya emabandleni okanye kwiindawo apho bahlangeneyo; ndiyathandaza ukuba Ubaphilise. Ngoku, Nkosi, kodwa ngaphezu kwayo yonke impiliso! Ukuba Uphilise imizimba yabo kumhlaza, TB, nyumoniya, into ethile, bayakugula kwakhona, akukho mathandabuzo, ukuba baphile ithuba elide, ngokuba imizimba yabo isephantsi kwesono, isiqalekiso. Kodwa benze bafumane i—impiliso yenene eNgcwele, impiliso yomphefumlo, leyo yenza isidalwa esitsha, sidlule ekufeni singene eBomini, kuze emva koko alindele kulomnquba mdala intlangulo yomzimba emva kokuba umphefumlo uhlangulwe. Siphe oko, Nkosi.

190 Banga bangawabaleka amahlelo neemvumo nkolo. Thixo, kude phandle phaya kuzo iimvumo nkolo namahlelo ndidibene nabathile abalungileyo abazalwane. Kwaye, Thixo, ndingayitsho njani ukuze bayibone, kwaye ubenze babone

iLizwi? Iyandikhathaza. Kodwa ndiyazi, kwakhona, ukuba Uthe, “Akukho namnye unokuza,” akukhathaliseki ulunge kangakanani, ululame kangakanani, ulinene kangakanani, “ade uBawo Wam abe umbizile. Kwaye bonke athe uBawo Wam wandinika bona Mna, bayakuza.” Kwaye, Nkosi, ndiziva ndinoxanduva lwenene lokuxela iNyaniso.

Kwaye hayi njengoko uPawulos watshoyo, “Baliphatha iLizwi likaThixo ngenkohliso,” ngemigaqo yamahlelo ixutywe kuLo, njengomthi womxube wokulungileyo nolwazi, okulungileyo nokubi; kodwa ngentliziyo evulekileyo noMoya oyiNgcwele. Siphe oko, Thixo. Sindisa bonke.

191 Ngoku ngeentloko zethu ziqutyudiwe namehlo ethu evaliwe. Kwaye kungabhekiselwanga kum . . . Andinakuyitsho ngale ndlela, “Ayindenze mahluko nokuba wenzile okanye hayi.” Indenza ndahluke. Ndiyanithanda. Kwaye ndiyathemba anincingi ngoba kufanele ndithethe ngqwabalala . . . Njengoko uPawulos watshoyo, “Ndingathanda ukubakho kunye nani, kwaye ndiyakuguqula imo yam.” Bekungekuba ebengabathandi; wayebathanda. Hayi . . . Njengoko uYesu kwafanela abohlwaye, aze emva koko abafele. Yabona, “Bawo, baxolele; abazi nkqu ukwazi oko bakwenzayo.” Ukucinga, umntu ofuna ukulunga, kwaye ezama ukulunga, abone laa mtyholi . . . Lowo nguye endichasene naye, omfamekise amehlo aba bantu.

192 Esi sizwe kufanele siyavutha luzuko lukaThixo, ukubona okwenzekileyo kuso kule mihla yokugqibela, koku kugqibela. Kutheni ezi mvuselelo zibetha amazwe amadala? Olu luLwandlekazi lwaseNtshona khona ngapha, eyona ikude intshona unokuya kuyo. Ngoku isithintelo sesono sidudumele ezantsi ngaphantsi emhlabeni, kwaye umhlaba uyazika; iindawo, neLos Angeles neHollywood, ziyazika ngee intshi ezininzi ngeyure, akukho ndlela yokuyiqanda. Ehe, silapha. Nangaliphi ixesha siyakuva ubizo. Ukuba uyakwazi oko . . .

Ngoku, kungabikho mntu ujongayo. Kodwa ukuba uyazi, ukusuka entliziyweni yakho . . . Ndiyakucela. Andinakuyazi intliziyo yakho, de uThixo ayityhile. Kodwa ukusuka entliziyweni yakho, ukuba ungabona ukuba awukho apho ufanele ukubakho noThixo neLizwi Lakhe, elukholweni, ungaphakamisela nje isandla sakho kuYe, uthi kuYe, “Nkosi, nceda mna Wena.” Owu Thixo! Ngaphandle kweli bandla, kugcwele, kugcwele iindonga jikelele, ngaphakathi nangaphandle, ngokuyinene amakhulu ezandla, mhlawumbi amakhulu amabini ezandla ziphakamile. Enkosi ngokunyaniseka kwenu.

193 Yesu othandekayo, sukuvumela nomye wabo alahleke. Njengesicaka sakho, esime phakathi kokuphila nokufa, ndibakhombisa, ngomnwe, eLizwini likaThixo. Andinakubasindisa, Nkosi, kodwa bafuna ukusindiswa.

Kwaye, Bawo, njengoko benditshilo kumaxa amaninzi, ilanga liphuma kusasa; kwaye njengoko linyuka linqumla umhlaba, lithunyelwe nguThixo ukuvuthiswa iinkozo, ukwenza ukutya kwenyama ukwenzela ukuphila kwasenyameni. Kodwa, Owu Thixo, Uthe, "Kwabo baloyikayo iGama Lakhe iLanga lobulungisa liyakuphuma linempiliso emaphikweni Alo." Lenze iLanga lobulungisa, iLizwi likaThixo, liphume ezintliziyweni zabantu, nemitha yempiliso yokholo kwelaLizwi iphilise konke ukungathobeli iLizwi, libazise ekupheleleni koonyana neentombi zikaThixo.

BangaBakho, Nkosi. EGameni likaYesu Kristu, kokubini apha nangaphandle emoyeni, ndiyabanikezela abo baphakamisele izandla zabo kuWe ukwenzela usindiso lwemiphefumlo yabo. Amen.

> Apho umphefumlo wam oxwiliweyo uyakubakho (Phi? Kwesi siguqo.)
> Uphumlo ngaphesheya . . . (ngokholo ndijonga ngaphaya apho ndiya khona)
>
> Ngasemnqamlezweni, (kulapho iLizwi lijinga khona) . . . umnqamlezo,
> Yiba luzuko lwam naphakade;
> De umphefumlo wam ovuyayo ufumane
> Ukuphumla ngaphesheya komlambo.
>
> Yesu, ndingcine . . . (Oko, kukubethelelwa kunye naYe, andifuni nanye into yehlabathi. "Ndingcine ndibethelelwe.")
> Kuko ichibi elihle,
> Likhululekile kuko konke, intlambo yempiliso,
> Liphokoka ukusuka kwichibi leKalvari.
>
> Emnqamlezweni, emnqamlezweni,
> Yiba luzuko lwam (masiphakamiseni izandla zethu) naphakade;
> De umphefumlo wam ovuyayo ufumane
> Ukuphumla ngaphesheya komlambo.

194 [UMzalwana uBranham uthetha ngoku neemvumi—Mhl.] "Ndiyamva uMsindisi wam ebiza."

Yolula uze ubambe isandla somnye, uthi, "UThixo akusikelele, mKristu."

[UMzalwana uBranham uthetha kwakhona neemvumi—Mhl.] "Ndiyamva uMsindisi wam ebiza."

Niyabuva uBukho Bakhe? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

Ngaphandle phaya ngaphaya kwamaza emfonomfono, nonke xhawulanani isandla somnye nomnye phandle phaya, nithi, "UThixo akusikelele, mKristu."

195 Niyazi, kukho iqula lamanzi emva apha. Uthatha abantu abanxibe iGama Lakhe. Akukabhaptizelwa eGameni likaYesu

Kristu ukwenzela ukuxolelwa kwezono zakho, likhona iqula, zikhona izambatho, kukho indoda imile ilungele. Wamkelekile, ukuba wamkela uYesu ngenene njengoMsindisi wakho kwaye ukholwe ukuba oko yiNyaniso.

196 Khumbula, zange kubekho mntu eBhayibhileni, okanye nangaliphi ixesha phambi kokuba icawa iKatolike yenze umbutho, owakhe wabhaptizwa nangayiphi enye indlela ngaphandle kweGama likaYesu Kristu. Akukho ndawo efumanekayo eSibhalweni, okanye embalini, yokuba nawuphi umntu wakhe wabhaptizwa, eBandleni loThixo ophilayo, egameni lezihloko zika "Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele." Ngumgaqo weKatolika, ingeyomfundiso yeBhayibhile.

197 Ekubeni nondliwano-ndlebe lwenziwe ngumpristi, ndambuza oko. Wathi, "Leyo yinyaniso. Kodwa silibandla; singaguqula nantoni na esiyifunayo. Undiliseko lusebandleni. UThixo usebandleni Lakhe."

198 Ndathi, "UThixo useLizwini Lakhe. Kwaye ukuba ibandla li . . . " Ndathi, "UThixo liLizwi. Kwaye ukuba ibandla lichasene neLizwi, ngoko andilikholelwa ibandla."

Ndiyeka lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, nokuba lelompristi, upope, nokuba angaba yintoni, kwaye iLizwi likaThixo libe yinyaniso.

Kwaye uPawulos wabangela wonke umntu, nokuba ubhaptizwe njani, ukuba wayengabhaptizelwanga eGameni likaYesu Kristu, ukuba aze kubhaptizwa kwakhona.

199 Kwaye emva kokuba abanye bemkele uMoya oyiNgcwele, uPetros wathi, "Singawalela amanzi, ekubeni aba bemkele uMoya oyiNgcwele," Izenzo 10:49, "ekubeni aba bemkele uMoya oyiNgcwele njengokuba senzayo nathi e . . . " Waza wabayalela, "Phambi kokuba uyishiye indawo, nakubeni wamkele uMoya oyiNgcwele, yiza ubhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu."

Kuba, uPetros wanikwa izitshixo zobuKumkani, kwathiwa, "Nantonina oyibophayo emhlabeni, Ndiyakuyibopha eZulwini." Kwaye yintoni isitshixo esiyenzayo? Sivula into, imfihlelo.

200 Kwaye xa uYesu wathi, "Hambani, nibabhaptize eGameni likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele," ebeke oko ukuze amfamekise ongakholwayo.

Qaphela! Kutheni uPetros angazange enze okuya, igama negama? Wanyanzeleka.

Ukuba umntu ubhaptizelwe kwizihloko, "Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele," akazange wabhaptizwa konke konke; akanaGama. *UYise* asilogama, *Nyana* asilogama, no*Moya oyiNgcwele* asilogama. UMoya oyiNgcwele yilonto Eyiyo; njengokuba, ndingumntu. NguMoya oyiNgcwele.

*UYise* sisihloko; ndinguyise. *Unyana* sisihloko; ndingunyana. *Umntu* sisihloko; yilonto ndiyiyo. Kodwa igama lam nguWilliam Branham.

Kwaye igama likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele liGama lika "Yesu Kristu." Wathi uYesu, "Ndize eGameni likaBawo." Ngubani iGama likaYise? Nawuphi unyana uza egameni litata wakhe. Kwaye iGama likaYise nguYesu Kristu. Yabona? Uyabona endibhekiselele kuko?

201 Ukuba ndinixelela ukuba nihle niyekundithathela into ethile evenkileni ezantsi apha, egameni likasodolophu wesixeko. Bangaphi abaziyo ukuba ngubani usodolophu wesixeko? Umhlobo wam olungileyo, uRich Vissing. Kulungile, aniyikuhla niye ezantsi phaya nithi "egameni likasodolophu wesixeko." Ningathi, "Egameni likaRichard Vissing." Nina bantu apha eJeffersonville niyazi ngubani.

Kwaye seso sizathu Wayitshoyo, "Bawo, Nyana, noMoya oyiNgcwele." KuYe kuhleli ubuThixo, ukuphelela komzimba wentloko buThixo. Wathi, "Nibabhaptizele eGameni likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele."

202 UPetros emi phaya kunye nesityhilelo eso Wakhela kuso iBandla, into Awayeyi Yena, wathi, "Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu." Zange . . . Izitshixo zavula eZulwini nasemhlabeni. "Akukho Gama limbi phantsi kweZulu linikiweyo phakathi kwabantu eninokusindiswa ngalo."

203 Kutheni ubhaptizela eGameni likaYesu Kristu? Ukwenzela uxolelo lwezono. "Nawuphi onothi nimxolele izono, kubo ziyakuxolelwa." Yabona? Kodwa ukuba ucinga okokuba akafanelanga kwaye engakulungelanga ukubhaptizwa, sukuyenza. Kuba, xa ukwenza oko, iyakwenza, yabona. Niyayifumana endibhekiselele kuyo?

> Ndiyamva owam uMs . . . (iLizwi) libiza, (libizela ezantsi phaya engcwabeni)
> Ndiya . . . ("Akungefi naM, ukuze uvuke naM?") . . . -ndisi ebiza,
> Ndiyamva uMsindisi wam ebiza, (yintoni elizakuyitsho ihlabathi?)
> "Thatha umnqamlezo wakho, ulandele, ulandela . . . "

Ngoku, ukuba ubungekayenzi:

> Apho Andi (UliLizwi) khokelela khona ndi . . . (likhona iqula)
> Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,
> Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,
> Ndiyakuhamba naYe, naYe yonke indlela.

Masithobiseni intloko zethu.

204 Thixo othandekayo, iqula lilungile. Ngoku thetha kwiintliziyo, Nkosi. Zanga zingeva uKristu, iLizwi, libabiza, kwaye bahambe naYe yonke indlela.

"Ndiyakuhamba naYe emyezweni. Ndiyakuya naYe equleni. Ndiyakuthatha iGama Lakhe. Ndifuna ukuba ngomnye wabantu Ababizayo ngenxa yeGama Lakhe. Ndiyakulikholwa iLizwi Lakhe. Ndiyakulandela. Andiyi kuncwasa kwihlabathi. Ndiyakunyaniseka, uMtshakazi oganiweyo. Andiyi kushiya nantwana yeLizwi Lakhe. Sonke isicelo, ndiyakuba ngowenene, onyanisekileyo uMtshakazi. Yonke into Ayicelayo ukuba ndiyenze, leyo ndiyakuyenza.

"Ukuba uMyeni wam ozayo ufuna ndiyeke iinwele zam zikhule, ndiyakuyenza lonto. Ukuba Ufuna ndisuse konke oku kuziqaba, ndiyakuyenza. Ukuba Ufuna . . . Undixelela ukuba ngumoya ongcolileyo, ongendawo endincwasana naye, ngezi zikhanukisayo ukujongeka iimpahla; ndiyakuyenza, ndiyakuzikhulula. Andikhathali nokuba omnye umntu uthini, ndiyakuzikhulula.

"Ufuna mna ndiphumele ngaphandle kwela qela endikulo, labangakholwayo, ndiyakuyenza lonto; nakubeni ndisenza isonka sam, okanye nokuba yintoni. Uthembisile ukuba Akasayi kundishiya okanye andiyekele. Ndiya—ndiyakuyenza. Ndiyakuhamba naYe yonke indlela. Ufuna ndibhaptizelwe eGameni Lakhe, ndiyakuyenza."

Nkosi, Uyithembisile eLizwini Lakho apha, oko koko Ukufunayo. Wanga wonke umntu angayibona, Nkosi, ngobulali, aqubude kuYo ngokuthobeka. EGameni likaYesu ndiyathandaza. Amen.

205 UngokaThixo. Wanga uThixo angathabatha amazwi amancinci aphukileyo awenze inene kuni, ngumthandazo wam onyanisekileyo.

Iqula liyakuba lilungile. Nabani ofuna ukuza, bafanele . . . Umlungiseleli uyakupapasha oko kamva. Nabani na oguqukileyo nofuna ukubhaptizwa, kusetyenziswa iGama likaYesu Kristu, yiza nje ngaphambili. Yonke into sele ilungele. "Zonke izinto sezilungele." Yonke into esinokuyenza ukuninceda niphilele uThixo, silapha ukuyenza. UThixo anisikelele.

206 Ngoku masiphakame. Ngoku ingoma yethu encinci, *NdiyaMthanda*. "NdiyaMthanda ngokuba Wandithanda kuqala." Masiyicule, wonke ubani ngoku.

NdiyaMthanda . . .

Masiphakamise izandla zethu njengoko siyicula.

. . . NdiyaMthanda  
Ngokuba Wandithanda kuqala  
Wathenga usindiso lwam  
Emthini iKalvari.

Ngentloko neentliziyo zethu ziqutyudiwe ngoku, masiyingqumshele kuYe. [UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela u*NdiyaMthanda*—Mhl.]

NdiyaMthanda.

[UMzalwana uBranham uyaqhubeka ukungqumshela u*NdiyaMthanda*—Mhl.]

Owu Thixo, Bawo wethu, yiba nenceba kuthi zidalwa ezihluphekileyo, Nkosi. Siphe amandla ngenxa yomsebenzi ophambi kwethu. Ndincede, Owu Thixo, ndincede! Ndiyeva ukuba into ethile ilele kanye apha, Bawo. Ndincede, Owu Thixo, ukuba ndazi iNyaniso. Sikelela aba bantu, Thixo othandekayo. Bakhokele, ndiyathandaza, eGameni likaYesu.

207 Ngoku ngelixa sithobise iintloko zethu, ndizakucela umalusi apha, uMzalwana Neville, othandekayo umzalwana wethu, anyuke eze apha ngoku atsho oko azakutsho, malunga mhlawumbi. . .malunga nobhaptizo. Ndingakupapaphasha oko. Ndicinga iqula livuliwe, nakubeni kunjalo.

*UTHIXO WESI SIGABA SINGCOLILEYO* XHO65-0801M
(The God Of This Evil Age)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngeCawa, ngo-Agasti woku-1 ngowe-1965, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2017 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

